

WAZA UYESU WAFIKA WABIZA



... kholwa.

Masiphakameni okwethutyana ngoku njengoko sifunda iLizwi leNkosi. KuYohane oNgcwele, isahluko se-11, size siqalise ngomqolo we-18.

Ke kaloku iBhetani ibikufuphi neYerusalem, umgama wayo uzitadiya ezingathi zilishumi elinazihlanu:

Kwakufike abaninzi bakumaYuda kwabo babenoMarta noMariya, ukuze babathuthuzele ngaye umnakwabo.

Kwaye uMariya, kwamsinya...okanye, uMarta, kwamsinya akuva...uYesu wayesiza, wamhlangabeza: ke yena uMariya wahlala endlwini.

Wathi ngoko uMarta kuYesu, Nkosi, ukuba ubulapha, umnakwethu...ange engafanga.

Kodwa ndiyazi, ukuba nangoku, nantoni ongathi ukucele kuThixo, oko wokunika uThixo.

Athi kuye uYesu, Umnakwenu uya kubuya avuke.

Athi uMarta kuye, ndiyazi ukuba uya kubuya avuke eluvukweni ngomhla wokugqibela.

Wathi uYesu kuye, Ndim uvuko, no...bomi: lowo ukholwayo kum, nokuba ubethe wafa, wodla ubomi:

...bonke abadla ubomi bekhohwa kum abasayi kufa naphakade. Uyakhohwa na koko?

Athi kuye, Ewe, Nkosi: mna ndiyakhohwa ukuba wena unguye uKristu, uNyana kaThixo, lowo uzayo ehlabathini.

Waza etshilo njalo, wemka, waya wabiza uMariya umsakwabo ngasese, wathi, UMfundisi ukho, uyakubiza.

- 2 Masithobiseni iintloko zethu ngoku ukwenzela umthandazo.
- 3 Bawo wethu waseZulwini, njengoko sihlanganisene apha kwakhona ngokuhlwa ngesizathu sokukhonza Wena, sifunda iLizwi Lakho, sithabatha isiqendwana, kwaye sikhohwa ukuba Uyakuzisa kuthi kwaye utyhile umxholo wesiqendwana. Siyathandaza, Nkosi, ngaso ngasinye isidingo esinaso apha ngobubusuku.
- 4 Kungakhona abathile abangakwaziyo Wena. Banga bangakufumana Wena, ngobubusuku, njengoMsindisi wabo baze bamkele ngokunjalo. Banga banganakho, ngobubusuku, ngento ethile eyenziweyo, okanye ethethiweyo, eyakuzisa

uKristu inene yenene kubo. Kangangokuba, okokuba ubomi babo bonke buyakunikezelwa kuYe nasekukhonzeni Yena. SiyaKubulela ngezinto esimbonileyo ezenza Yena kunye nethemba esinalo lobomi ngaphaya kwesi sithunzi esiphila kuso ngoku. Sisazi oku, okokuba xa Esiza siyakuxwilelwa phezulu ukuya kumhlangabeza Yena esibhakabhakeni. Kwaye ngoku, Nkosi, siyathandaza ukuba Uyakulifaka elithemba, elithemba lisikelelweyo, kuyo yonke intliziyo yomntu, ngobubusuku. Abo bebesindleleni kwixesha elide baza bamelana nezinto ezinzima, banga, ngobubusuku, ukholo lwabo luphakanyiselwe phezulu. Siphel oko, Nkosi, okokuba bayakuthatha imbono entsha, ngobubusuku, baze bavuselele izibhambathiso zabo kwaye baqalele ngokutsha kwakhona.

⁵ Bawo, sithandazela abo bagulayo nabaxhwalekileyo. Bunga obu ingaba bubusuku bokukhululwa kwabo. Ezininzi, Nkosi, ezibekiweyo iitshefu phezulu apha eqongeni. Kwaye siyathandaza, Bawo waseZulwini, njengoko ndibeka izandla phezu kwezi zisezibhokisini. Ngoku, sifundisiwe, eBhayibhileni, okokuba, “Bathabatha okusuka emzimbeni kaPawulos oNgcwele iitshefu nemibhinqo, yaza imimoya engcolileyo yemka ebantwini, nezigulo zaphiliswa.” Ngoku siyaqonda ukuba asingoPawulos oNgcwele, kodwa Úsahleli unguYesu. Kwaye siyathandaza, Nkosi, okokuba Úyakuphilisa wonke ubani ezithe ezitshefu zammela. Banga ngabanye baphiliswe ukwenzela uZuko Lwakhlo.

Qhekeza kuthi ngoku iSonka soBomi, ukusuka eLizwini, njengoko silindile, eGameni likaYesu Kristu. Amen.

Ningahlala.

⁶ Kuhle ukubuyela apha kwakhona ngobubusuku, nokukhonza iNkosi. Kumnandi ukubona lomgangatho ungezantsi umalunga nokugcwala, ngobubusuku, ke sinombulelo kakhulu ngokuza kwenu. Nokuba ibe lityeli lokuqala abakhe balapha, ndicinga ukuba oko kuyinene kakhulu.

⁷ Ngoku, akukhathaliseki sithetha kangakanani kubani, sithetha into enye. Ndithethe kwintlangano zabathathu nje okanye abane, emva koko ndithethe amakhulu amahlanu amawaka ngaxeshanye. Amakhulu amabini namawaka amahlanu, ngelinye ixesha. Kwaye akukhathaliseki nokuba yintoni, into uKristu ayithumela kum, ukuphulaphula. Ndithetha i. . . Andisayi kuwuguqula umxholo wam nakanye, ukuba esi ibisisigidi sabantu sihleli apha, ngobubusuku, nje into ekwanye. Kuba, ndihlwayela nje imbewu, kwaye Ifanele iwele emhlabeni ndaweni ithile. Kwaye xa leya yokugqibela imbewu ingenisiwe, akusayi kuba sabakho yimbi. Siyazi kusenokuba yi. . .

⁸ Siyamangala kutheni imvuselelo ingaqhubeki kanye ngoku, kutheni singaboni kuthabatheka ebantwini. Andazi kutheni. Kodwa masicinge nje, kungathini ukuba iloluhlobo. Mhlawumbi kukho inkwenkwe encinci phakathi apha, ngobubusuku, okanye intombi encinci yazalwa ngaphaya eSeattle, Washington. Ngoku, laa Ncwadi iphethe igama layo. Uze kuhlangua abamagama ayephaya kula Ncwadi. Ukuhlangua kuthetha “ukubuyisela emva apho yawa khona.” Kwaye kuhlangua loluntu, wawa. Kwaye ayinakuyamkela Yona ngoku; incinci kakhulu. Ke ibandla liyakuyijikeleza, lidlale nje, liyakuba nemihlangano, nanjalo njalo, de lamntu wokugqibela angeniswe ngaphakathi, emva koko laa Ncwadi ivalwe, akukho wumbi wongezwayo. Emva koko konke kugqityiwe.

⁹ Kude, kuxa nini ela xesha liyokuba lilo, akukho namnye kuthi waziyo. Kodwa masiqhubeke nje sisenza konke esinako, sisenzela uzuko Lwakhe, lide ela xesha liphele. Asazi ngubani lamntu. Kusenokwenzeka selengenile, silinde nje uKuza Kwakhe. Asazi. Kwaye ayisokuze ityhilwe emntwini, ixesha loKuza Kwakhe, ngokuba nkqu neeNgelosi zeZulu azazi iyakuba nini. Kodwa siyikhangele nje nangeliphi ixesha, kwaye silindile, siqaphele uKuza Kwakhe.

¹⁰ Ngoku, kufanele ube nokholo kwinto ethile. Akukhathaliseki yintoni, umele ukubeka ukholo lwakho ndaweni ithile. Ukholo lwakho, ukholo lwakho lungaba se... kwincwadi efundwayo. Lungaba kwimvumo-nkolo yakho. Ukuba olo lolwakho—ukuba olo lukholo lwakho, lukwimvumo-nkolo yakho, ngoko oko—oko kulapho ukholo lwakho lulele khona.

¹¹ Yithi, umzekelo, e—elithile ihlelo, lithi, “Sinencwadi yokufunda. Uyayikholelwa lonto.” Kuhle, nantoni engaphandle kokuya, akunakuyikholelwa, uyabona, ngokuba yilonto oyikholelwayo, yilaa ncwadi ifundwayo yelahlelo. Kwaye isenokuba ukholelwa kwinto ethile, unganokhetho lwakho. Yilonto uyiyo, singamaMelika akhululekileyo, ukuba njalo.

¹² Kodwa, kum, ukholo lwam luseLizwini likaThixo, oko uThixo akutshiloyo ukuba yiNyaniso. Zonke ezinye izinto ezichaseneyo koKuya, njengezingekho njalo. Yabona? Andithi azinjalo, kodwa, kum, ukuba ichasene koKu, ayinjalo. Kwaye siyafumana namhlanje okokuba abaninzi abantu basekelezela ukholo lwabo phezu kokuthile, naphezu kwe ism ethile, okanye ukwenzeka okuthile, okanye okuthile okunye. Kodwa, kum, kufanele ibe liLizwi likaThixo, kwaye iLizwi Alithembisileyo lwalo mhla.

¹³ Hayi umthetho. Umthetho waye ungowomJuda, kwiminyaka eyagqithayo. Namhlanje sikwimimandla yobabalo, kwaye si—siphila ngaphezu komthetho. Indoda e—ephila kubabalo ayinamthetho. Akukho mthetho kubabalo.

14 Ungandohlwaya njani ngokudlula ndibaleka kwisikhanyiso sokumisa apha, esithe isixeko sandinika ilungelo lokudlula ndibaleka kwisikhanyiso sokumisa endifunayo kuso? Yabona? Akunakho. Akukho mthetho wokundohlwaya.

15 Ke, okoko ndikuKristu, ndikhululekile emthethweni. Yabona? Ndingaphezulu komthetho ngokuba ndikubabalo Lwakhe. Ubeke laa ntembeko kum, yokuba andisayi kwenza nanye into engalunganga, okanye Ebengasayi kundinika ola babalo. Oko koko Akwenzayo kuwe ngendlela enye. Sikubabalo Lwakhe.

Ngoku, umxholo wam, ngobubusuku.

16 Sukulibala ngomso ebusuku, ngoku. Sizakuzama ukuhlala nje mhlawumbi intwanana encinci yobude. Ndifuna ukufika apha kancinci phambi kwexesha ngomso ebusuku, ngokuba ndifuna. . . Ngomso ebusuku iluhlobo oluthile lobusuku esilunikezela usindiso, nje senze ugxininiso kukubizela esiguqweni, sigxininise kwabo ukuba bamkele ubhaptizo loMoya oyiNgcwele. Kwaye ubusuku obunye, okanye usuku olunye, phambi kokuba ndihambe, ndingathanda ukuthetha kwi. . . umxholo weGazi, *Umqondiso*, iGazi elifanele libe phezu kocango, kwaye ukuba iNkosi ithandile.

17 Ngoku, ngobubusuku. Busuku ngabunye, bendisemva kwexesha busuku ngabunye. Ndizakuzama okona kungcono kwam, ngobubusuku, ukuphuma ngexesha. Ndiyaqonda ukuba asinaxesha lininzi liseleyo, kwaye ndiyazama ukuhlangula ixesha esinalo, ke ndinyamezeleni. I. . . Ndiyakuthandaza ukuba uThixo uyakufumana wonke umphefumlo ophantsi koku, osindisekayo, wanga Angawusindisa. Andazi Uyenza njani. Kwaye luxanduva lwethu ukuthumela iLizwi, okanye ukushumayela iLizwi. Kwaye vumela. . . Yimbewu. Kwaye xa la mbewu iya ekukhuleni, iyakuvelisa nje ngokuchanekileyo oko isithembiso sisiso.

18 Ngoku ukusuka kuYohane oNgcwele i-11, ngobubusuku, sithatha esi isiqendwana: *Waza uYesu Wafika Wabiza*. UYesu wafika.

19 Ngoku sifumana imvelaphi yalomfanekiso ngobubusuku. YayinguYesu, xa nje Waye e—engumfana omtsha, Weza kuhlala nosapho eBhetani; kwaye yayinguMariya noMarta noLazaro. Kwaye babelishiyile elabo—elabo ibandla, okanye imvumonkolo yabo yabaFarasi nabaSadusi, kwaye babethabatheke nguYesu, baza baMmemela ekhayeni labo. Kwaye uLazaro waye e—engumhlobo osenyongweni kuYe. Kwaye siyaxelelwa, okokuba uLazaro kananjalo wayengumphulaphuli omkhulu kuYohane umBhaptizi owayethetha ngokuza kukaMesiya. Kwaye ke xa uYesu wafikayo embonakalweni, waza weza eBhetani, babesoloko beMonwabisa kwikhaya labo.

²⁰ Ngoku, siyafundiswa ukuba uMarta noMariya babesenza amalengalenga amancinci besenzela itempile, nanjalo njalo, apho uLazaro wayefundela ukuba ngumbhali, ukubhala iincwadi zomthetho. Kwi... Babeyibhala ezimfeleni ngoko, nje ngofele lwesilwanyana, iphepha lwefe, kwaye lisongwe kwencinci esongwayo ize inyhalwe kwisingxobo esincinci. Kwaye uLazaro wayenesandla esihle kakhulu. Kwaye wayenakho ukubhala ezincwadi zisongwayo.

²¹ Kwaye uYesu wayehlala nabo. Kwaye babeMbukele esenza ezininzi izinto, beneyona ngqiniseko kuYe, bade banokunikela nje ngokulula ngobomi babo bonke kuYe. Nakubeni Waye... .

²² Yabona, uYesu, ngomhla Wakhe, wayeyintlekisa kakhulu kwaye kuhlekiswa, ngaphezu kolona luphantsi unqulo-mntu olukhona emhlabeni namhlanje. Kwakungekho nantoni enokuba ngaphantsi nyenyelisekileyo kunoYesu. Yabona? Amabandla ayemthiyile Yena. Kwaye nje ayengenamsebenzi naYe, konke konke, ngokuba Wayesoloko ewohlwaya, ewabiza ngazo zonke indidi zamagama, kwaye eqhekeza amarhamente abo. Wajika ihlabathi nje languqulukubhode, nje ukutsho. Babezama ukufumana igxeke elithile, ukuMtyhola, kwaye babengenakho ukulifumana. Kwaye noko Yena wa... Kubo, "Wayengumgqakhwe. Wayezelwe ngaphandle komtshato ongwele. Waye eludidi olungaqhelekanga lomfo. Wayengenamfundo yehlabathi, nje ukuthetha, kwaye noko ezibiza umprofeti Yena. Kwaye, owu, bethu, onjalo ukubambi umfo Awayenguye!" Kwaye wonke ubani kubo wayemnyemba Yena, naphina.

²³ Ayiguqukanga kangako. Yabona? Njengoko nditshilo ngobunye ubusuku, "Umtyholi uthatha umntu wakhe kodwa hayi umoya wakhe." Umoya wabantu, osebantwini, wakhe waphila ngaphambili. Ukuba besizakuba lapha iinyangana, apho sibe nofundisiso eZibhalweni, bendingathanda ukubonakalisa kuwe ukuba akukho lunqulo-mntu ebusweni bomhlaba, namhlanje, kodwa oko ndingenakubonakalisa kuwe kwaqala kwiGenesis, ndize ndikubonise isiqalo sayo. Yimbewu, nje kanye ngomdiliya ukhula, yonke yawo. Kwaye unyukela kwixesha lokudubula ngoku, uze ubuyele emva kwi—kwimbewu kwakhona. Ke zonke ezi zinto ozibonayo zisenzeka emhlabeni, zaqala kwiGenesis, kuba iGenesis sisahluko sembewu yeBhayibhile, i—isiqalo.

²⁴ Ke uyabona, loo mimoya, yayiphezu kwabo bantu emva kulo mihla, isaphila ebantwini namhlanje. Yabona? USathana uthatha umntu, kodwa umoya uyaphila.

²⁵ UThixo uthatha umntu Wakhe, kodwa uMoya uyaphila. Oko kwenza uYesu Kristu okwanguye izolo, namhlanje, naphakade. Wathatha uKristu Yesu, kodwa uMoya, uMoya oyiNgwele, uyabuyela, ubuphezu kwabantu eBandleni konke ukuhla

ngezigaba. Yabona? Ngokuba, uThixo uthatha umntu Wakhe, kodwa hayi uMoya Wakhe.

²⁶ USathana uthatha umntu wakhe, kwaye ufumana yona le mimoya minye. Qaphela imvelo yayo.

²⁷ Zibandakanye, ngobubusuku, kwisimo sakho sangoku ngoku apho umi khona, kunye nesimo somntu othile seBhayibhile. Ubuyakuba phi ukuba ubuphile kwixesha likaNowa? Ubuyakuba phi? Ubuyakuba phi kwimihla yeNkosi uYesu xa Yayilapha emhlabeni, enyameni Yakhe? Leliphi iqela obuyakubandakanywa nalo, ngobubusuku? Cinga nje ngayo. Yabona? Leliphi iqela obuya kubandakanywa nalo, xa uPawulos wayebalungisa bona emva phaya eKorinte ngezinto ababezenza? Leliphi iqela obuya kubandakanywa nalo? Yabona? Jonga nje emva. Yiglasi yokukhanga. Sinokubona apho sikhoyo, into... Nantonina esasiyiyo, siyiyo ngoku, yinto engesasiyiyo emva phaya. Ngokuba, umoya okuthi ngoku, ubandakanywa emva phaya, okokuba okuya ngumoya omnye owawukubo emva phaya. Bethu!

²⁸ Oko kufanele kusishukumise kusenze siphume kokwethu u—kokwethu ukozela esikuko, ubudikidiki. Kodwa uyazi iBhayibhile ithe sifanele sibe ngala ndlela, ukuze atsice yonke into emlonyeni Wakhe. Ingaba Uyithembisile lonto? [IBandla lithi, “Amen.”—Mhl.] Siyazi sonke Wayithembisa. Kwaye Uyakuyenza. Ibandla lonke kufanele litsicwe emlonyeni Wakhe.

Ngoko, ebandleni kuphumela ngaphandle uMtshakazi. Lowo ngowOnyuliweyo.

²⁹ Ngoku, uYesu wayemkile ekhayeni Lakhe kwaye wayehlala noMarta noMariya noLazaro. Kwaye ngenye imini, uyazi... .

³⁰ Wathi, eBhayibhileni, Akenzi nto ade uYise ambonise Yena amakawenze. UYohane oNgcwele 5:19, uYesu wathi, “Inene, inene, Ndithi kuni, uNyana akanakwenza nto ngokunoKwakhe; kuphela koko Abona uYise ekwenza, wenza njalo noNyana.” Kwaye ukuba uthelekisa esaSibhalo, sibe nexesha lokusicazulula ukuze sibe, sikhangeleka lungileyo, kuwe. Ubaleka nje kakuhle... Ithungelana nje ngayo yonke iBhayibhile. Kwaye wonke umqolo eBhayibhileni unayo kuyo.

³¹ IBhayibhile ikwinkqubekeko. ILizwi ngalinye liyahlanganiselana. Akukho mpikiswano kuYo. Iqhubeka yonke ngokuhlangeneyo. Ukuba ufumana impikiswano, uyifumene *ngaphandle* kweBhayibhile, ngokuba iBhayibhile ayiziphikisi. Ikwinkqubekeko, inkqubekeko, ngokupheleleyo. Qwalasela.

³² Ngoku lo, uYesu, xa... Wayesesona siphu sikhulu awathi uThixo wasinika umhlaba, ihlabathi. “UThixo walithanda ihlabathi,” uYohane 3:16. Ngoku, abantu babenokholo kuYo.

³³ Soloko, izipho zikaThixo zijongelwa phantsi, ziintshukumo zeenkolo zalemihla. Jonga ngasemva nakweliphi ixesha,

kwimihla ka Eliya, kwimihla ka Moses, kwimihla nayiphina ofuna ukuyijonga. Naphina okukuko, yasoloko ijongelwa phantsi, soloko. Zange yaguquka.

³⁴ Kwaye ngoko siyabona phaya, kananjalo, okokuba, kulaa mhla, xa uThixo esebenzisa uYesu . . .

³⁵ Ngoku, kwakukho ixesha awathi umfazi wasebenzisa isipho sikaThixo, ngoYesu. Wachukumisa ingubo Yakhe, waza uYesu wavuma ukuba Akakhange azi ngubani oyenzileyo. Ngoku, andikholwa ukuba nje Waye . . . Waqhula okanye waqhubeka. Ndikholelwa lonke iLizwi Awalitshoyo lalisingisele, linentsingiselo. Kwaye Wathi, “Ngubani oNdichukumisileyo?” Wayengazi. Kwaye Wabhekabheka, ngaphaya kwisihlwele, wade Wafumana umfazi kunye nolwa kholo, wamxelela malunga nethombe lakhe legazi ukuba laliphilisiwe ngenxa yokholo lwakhe. Ngoku, lowo yayingumfazi esebenzisa isipho sikaThixo. Ngoku, uyabona, laa mfazi mnye esebenzisa isipho Sakhe, Waba buthathaka ngoko.

³⁶ Kodwa jonga kulemeko apha, xa Wavusa uLazaro ekufeni. Kwakungekho kwanto yathethwayo malunga naYe ngokuba buthathaka phaya. Kwakukangakanani ngaphezulu okwakuko ukubiza indoda, emphefumlo wawuzintsuku ezine eluhambeni umkile, kwaye ukubola sekuhleli emzimbeni wendoda! Impumlo yayo, mhlawumbi, kwiintsuku ezine, yayisele iwile. Kwaye nanko Ephaya, eyibizela emva ebomini kwakhona, yaza yaphila, yatya, yasela, njengaye wonke umntu. Kukangakanani okuya kunokuba yayingumfazi echukumisa ingubo Yakhe! Kodwa lowa yayinguThixo esebenzisa isipho Sakhe. Yabona?

³⁷ Ngoku, lowo ngumahluko apha eqongeni. Ngoku, ukuba uyakulandela i—landela inkonzo uze uphume, xesha lithile, indlela exela ngayo izinto eziyakwenzeka, kuhle, iminyaka ngaphambili, iiveki ngaphambili, iinyanga ngaphambili, apho makuyiwe khona, emakwenziwe. NguThixo esebenzisa Sona.

³⁸ Apha, nguwe usebenzisa sona. Asindim. Siyaphokoka nje, kuba sisipho nje soku . . . sokuphumlisa wena, sisuse ekunxityweni ngumntu, ukuze uThixo abenakho ukuzinxiba ngaso Yena, aze athethe izinto. Ngoku, ukholo lwakho, akukuqondi oko, wenza oko, ngokunokwakho. Ukholo lwakho lwenza oko.

³⁹ Ngoku, ukuba uThixo ufuna ukwenza nayiphi into, Uyakuphakamisa nje, athi, “Ngoku, iyakuba njalo, yiya kwindawo ethile. Ngelixa uqhubayo ngestrato, kuyakubakho into ethile eyenzekayo *apha*. Kuyakubakho indoda ene—nesuti entsundu. Ineenwele ezingwevu. Iyakudibana nawe ezantsi phaya. Yiya kuyo, kuba umfazi wayo ugula kakhulu. Ukule ndawo ingenye. *Naku* ayakukhangeleka ngako. Kwaye yiya ubeke izandla zakho phezu kwakhe. Mxelele abuyisele laa nto emva, athe wayithatha apha kwiminyaka embalwa egqithileyo,

kwaye enze into ethile engenye, enze ungxengxezo, kwaye uyakuphila.” Emva koko ndiyakuyixela ebantwini. Siye. Nantsi indoda phaya. Nje ngokuchanekileyo ngoko kwenzekileyo. Malunga nezinto ezahlukeneyo esizweni.

⁴⁰ Malunga naloMarilyn Monroe xa wafayo, abasokuze bakholwe kodwa koko la ntombi yazibulala. Kodwa zange izibulale. Wafa kukuhlaselwa yintliziyo. Ndayibona, iintsuku ngaphambi kokuba yenzeke, ndabaxelela malunga nayo. Kodwa babengasayi kundiphulaphula.

⁴¹ Xa abaya balwi babulalana. Iinyanga ezintandathu phambi kokuba yakhe...Phezulu phaya eNew York, omnye wabulala ongomnye. Ndababona e—ezindlwini zentselo zabo, bexambulisana. Ndaza ndabona omnye ebulala omnye, iinyanga ezintandathu phambi kokuba yenzeke.

⁴² Zonke ezi zinto e...ethe iNkosi yazibonisa, nguYe esebenzisa isipho Sakhe. Akukho...Akubi buthathaka, emva koko. Kodwa xa...Yilonto endenza ndibe buthathaka, kuxa wena usebenzisa isipho sikaThixo, njengoMoya oyiNgcwele. Andisosipho Sakhe. UMoya oyiNgcwele sisipho Sakhe. Eso sisipho sikaThixo eBandleni, nguMoya oyiNgcwele, kwaye wena uyasisebenzisa Sona. Kwaye Sona sisebenza naphina apho unokuzikhupha wena egiyareni. Yabona endithetha kona? Uze uvumele uMoya oyiNgcwele uhambe ukusebenzise.

⁴³ Ngoku, kule meko, uYesu wayexelelwe nguYise, ukuba alishiye ikhaya emke.

⁴⁴ Ukuba uyaqaphela indlela eyasebenza ngayo, bona, emva kokuba egulile uLazaro. Kwaye ngaphandle kwamathandabuzo, abaninzi babo bathi, “Uh-huh! Ngoku masibone kuphi apho akhoyo ngoku lamqengqeleki ungcwele womshumayeli, ozakuthandazela abagulayo. Akekho mbonakalweni.”

⁴⁵ Ke, Wemka. Kwaye bathi, ekugqibeleni, bathumela kuYe. Xa ugqirha enikezela, bathumela kuYe ukuba eze. Kwaye endaweni yokuza, Wasuka waqhubekela phambili. Bathumela kwakhona. Endaweni yokuza, wasuka Waqhubeka wemka ngenye indlela. Yabona? Kwaze emva koko, konke ngaxeshanye, Wema, wajonga ngasemva kubafundi; emva kweentsuku ezininzi, umbono wazalisekisa oko uYise ebembonise kona Yena. Wathi, “ULazaro ulele.”

Abafundi bathi, “Kuhle, wenza kakuhle.” Yabona?

⁴⁶ “Ulele,” hayi ufile. Akukho nto injalo njengekholwa lisifa. Yabona? Kwaye Wabaxelela ngolwimi lwabo, “Ufile, kwaye ngenxa yenu Ndiyavuya beNdingekho phaya. Kodwa, Ndiyokumvusa. Ndiyaya ukuyakumvusa.”

⁴⁷ Yabona, Wayesazi ukuba izakwenziwa, ngoku. Kuba, ukuba Akenzanga, ngoko Watsho into engeyiyo xa Wathi, “Andenzi nto de uBawo aNdibonise kuqala.” Yabona? Wayesazi.

48 Kwaye emva koko jonga kuYe engcwabeni, “Bawo, ndiyaKubulela, Wena sele uNdivile. Kodwa ndikutsho oku ngenxa yabo abemi apha.” Yabona?

“Lazaro, phuma.” Kwaye wenza njalo. Waphumela ngaphandle engcwabeni.

49 Ngoku, xa uYesu washiya ikhaya, kutheni, okwa kufa nengxaki kwangena. Kwaye khumbula nje, xa Eshiya ikhaya lakho, ingxaki isendleleni. Ngoku, Wayengagxothwanga, apha. Okanye, Wayemkile nje lula, ngokuba uYise waMtsalela kude. Onke amathemba ayemkile. Ngoku, elinjani ukudakumba ikhaya elincinci! Abaninzi bethu, ngobubusuku, bayazi indlela yokuvelana neliya ikhaya, xa ukufa kuntlitha ikhaya lethu. Kwaye akungeze wazi ukuba yintoni ude ufanele udlule ngokuya kuba kanye. Kodwa, uyazi, xa babe . . .

50 Ukufa kwakuntlithe ikhaya elincinci. Bathumela kuYe. Elinjani ukwaphuka ikhaya elalililo! INdoda ababenentembelo kuyo, iNdoda ababeyithanda, iNdoda ababeyibonile iphilisa abagulayo, kwaye yenze abazimfama babone, kwaye iprofete, kwaye isazi iingcinga zentliziyo, ixelele abantu okuyakwenzeka, lonke ixesha! Kwaye Wanxibelana neSibhalo, ukuya kwisingxi, kanye ngokuchanekileyo, kangako, de bona abantu abangabathandi beSibhalo bamkholelwe Yena. Yabona? Kwaye kwakukho abanye babahlobo Bakhe abanyanisekileyo, kwaye Wavumela okuya kwenzeka. Yabona? Wavumela oko kwenzeka nje ukubona ukuba bayakwenza ntoni. Akukho ntandabuzo, oko koko kwakusengcingeni kaYise malunga nayo. Onke amathemba ayemkile. INdoda ababethembele kuyo, yabonakala ukuba Yayingeyiyo into ababecinga ukuba yayiyiyo Yona, okanye u—ukuba yiyo. Kwaye babesekuzilahleleni. ULazaro, umsakwabo, wayefile.

51 Babengenakubuyela emva ecaweni, ngokuba babesele bemamkele uYesu, “laa mbaxi,” kwaye babekwayiwe, kwaye benencwadi yabo, njengoko kwakunjalo, namhlanje, esuka ecaweni yabo, eyokuba bangabi sabuyela. Kwaye babeshiyeke bengenacawa. Babeshiyeke bengenasihlobo, kukhangeleka njalo. Abantu besixeko babebalahlile. Izihlobo zabo ezilungileyo ezaziqhele ukunxulumana nabo ecaweni, zazingenanto yakwenza nabo, ngokuba bamkela uYesu, “Lo mphumanto’ wombaxi.”

52 Ke, ngoko, iNdoda ababenentembelo kuyo yayibaphoxile ngokucacileyo kwaye ingasayi kubabonelela. Kwaye bathumela ityeli lesibini. Kwaye Usabaphoxa; waza wavumela indoda ife, ide iqholwe, ibekwe engcwabeni, ingcwatywe. Ngoku, uthetha ngeyure elithinzi, leyo yayiyeyona yure ilithinzi elathi elakhaya lincinci layibona.

53 Waza emva koko uYesu weza. NguYe lowo, kulaa yure inethunzi. Uyivumela yenzeke, ngelinye ixesha. Eyona yure

ilithunzi, emva koko uYesu weza. UBukho Bakhe busoloko buzisa amathemba amatsha.

⁵⁴ Lena ingaba yeyona ilithinzi iyure kwabathile kuni bantu. Kusenokwenzeka, ugqirha ukuncamile, ngomhlaza. Kwaye umntu wenze konke anokwenza ukusindisa ubomi bakho, kodwa kungaphaya kolwakhe—kolwakhe ulwazi. Akanakumbi anokusebenza ngako. Wenze konke anokwenza, kwaye uzakufa. Ingaba yeyona ilithinzi iyure owakhe wayibona. Kodwa, khumbula nje, kukwelathinzi leyure xa Esiza. Uyeza. Emva koko, xa Esiza, kuzisa ithemba elitsha. Kuzisa amathemba amatsha xa Esiza. UBukho Bakhe buzisa ithemba.

⁵⁵ UMarta, waphuma. Wasoloko ebonisa imibala yakhe, eyokuba wayengekho nje kanye ebonakala nyanisekileyo ngokuchanekileyo njengoMariya, ngokuba uMariya wayephulaphula eLizwini, kodwa, uMarta, xa wayeMphekela isidlo sasemalanga, nezinto. Wabonisa awayekuko kanye ngoko.

⁵⁶ Kuba, xa uYesu wabuyela esixekweni, akukho ntandabuzo kodwa koko abaninzi kubo bathi, “Ngoku, emva kokuba inkwenkwe ifile, yangcwatywa, ngoku lomqengqeleki ungewele womshumayeli uyanyebeleza ubuyela esixekweni.” Akukho ntandabuzo ukuba xa uMarta waqalisa ukuphuma, abanye babo bathi, “Jongani, nakuya ehamba ngoku. Ukuba ndandisendaweni yakhe, bendiyakuMnika intwana yengcinga yam. BendiyakuMxelela malunga nayo xa ndifika phaya. Owu, akukho ntandabuzo kuphela koko wayezakutsho. Siyakuhamba siyokumbukela eyenza.” Ukuba wayenokwenza, eli bali belingayi kufundwa ngendlela elililo, ngobubusuku.

⁵⁷ Ngoku mqaphele. Naku ehamba. Wayenokuba wagqitha ngo—ngo—ngomalusi weyakhe—weyakhe yokuqala icawa. Waza wathi, “Ngoku, masifumanise kwenzeka ntoni ngoku. Yabona? Unyebeleze wemka. Xa iyure, iyure ebalulekileyo, ifika, Unyebeleze wemka.”

⁵⁸ Ngoku, uMarta, akukho ntandabuzo, wayengumfundi weBhayibhile, okanye wayengenako ukumamkela uYesu, indawo yokuqala. Wayengenako ukuyamkela phezu kwepsychology yabantu, okanye phezu kweziseko zenkolo zaloo mhla. Wayengenako ukuyamkela phezu kwecawa, ngokuba icawa yayimthiyile Yena. Kwaye abenkolo babemthiyile Yena. Kwaye bonke kubo babemthiyile Yena. Ke, kufanele ukuba wayengumfundi weSibhalo, kwaye wayefundile eBhayibhileni.

⁵⁹ Kwimihla ka Eliya, kwakukho umfazi oga-...ongumfazi womShunamekazi. Kwaye wayelidlolo. Kwaye wayenokholo endodeni, umprofeti, wayenguye owaloo mhla, ku Eliya. Kwaye wamakhela indawana encinci ecaleni lendlu yakhe. Kuba yena nomyeni wakhe babenekhaya elihle. Bakha indawo baze babeka i—isitya samanzi phakathi phaya, kunye nendawo yakhe yokuhlamba nokuzicoca, baze nje benza indawo entle kunene,

yokuhlala kakuhle. Kwaye xa esiza ngaphaya, yena noGehazi, isicaka sakhe, waza wathi, “Jonga kokunjani ukulunga athi lomfazi womShunamekazi wa—wasibonisa kona.” Wathi, “Hamba uyokumbuza ukuba ndithethe nomphathi e—endaziyo ngaye. Ndiyamazi kakuhle. Okanye, ndithethe nokumkani? Bendikhe ndabizwa kanaanjalo ndabizwa ngamaxesha amaninzi ukuba ndithethe naye ndibonisane naye.” Wathi, “Ngoku, andazi ukuba ndingathetha na xa ndisiya phambi kwakhe kwakhona, okanye xa ndibizwe ukuya kwabanye bababantu?”

⁶⁰ Ke uGehazi waya wambuza. Waza wathi, “Hayi.” Wathi, “Ndihlala kunye nabantu bakowethu. Andinasizathu nasinye sokucela izinto ezifana nezo. Oko bekuphuma nje entliziyweni yam, nje kuba ndisazi yena yindoda kaThixo. Kwaye ndifuna ukubonisa ukwenzelelela kuye. Kuphela koko.” Wathi . . .

⁶¹ Kuhle, buyela emva, waza wathi uGehazi, “Kodwa umyeni wakhe mdala kwaye abanabantwana.”

⁶² Ke, u-Eliya makube wabona umbono. Waza wathi, “Hamba, mxelele, ‘Malunga nexesha lobomi, malunga nonyaka ukusukela ngoku, uyakugona umntwana.’” Waza wenza njalo. Waba nenkwenkwe encinci.

⁶³ Inkwenkwe encinci yayimalunga neshumi elinesibini leminyaka ubudala. Yayingaphandle emasimini kunye noyise, malunga neshumi elinanye entloko emini, ke kufanele ukuba yayikukutshiswa lilanga. Yakhala, “Intloko yam! Intloko yam!” Waza uyise wenza ukuba ithunyelwe ekhaya, baza—baza ke bayilalisa phezu kwemilenze kanina. Kwaza emva kwemini, inkwenkwe encinci yafa, yagula kangako; mhlawumbi kukutshiswa lilanga. Kungekho mphefumlo kuyo. Yayifile.

⁶⁴ Ke wayithatha wayibeka phezu kwebhedi ka-Eliya. Enjani indawo yokuyilalisa! Owu, bethu! Kanye ngqo kakuhle. Wayilalisa phezu kwebhedi ka-Eliya.

⁶⁵ Waza wathi kwisicaka, “Bopha i-esile ngoku, uze uhambe phambili. Kwaye uze ungemi de ndikuxelele, ngokuba sifuna ukuya kwindoda kaThixo.” Wayesazi, ukuba unokufika kulaa ndoda, uyakufumanisa isizathu sokuba kutheni. Ukuba uThixo unokuyixelela yona ukuba olwa sana lwalusiza, kwaye yayinokumsikelela ngentsikelelo kaThixo, yokuba obakhe—yokuba obakhe ubudlolo besibekeko buyakuzala unyana, ngokuqinisekileyo uThixo wayenokuyixelela laa ndoda kutheni Amthathileyo. Wathi, “Ungemi de ndikuxelele. Hamba uye kulaa ndoda kaThixo.”

⁶⁶ Ngoku, xa u—umkhweli wasondelayo kwindoda kaThixo, yayingazi. UThixo akabaxeleli yonke into ezakwenzeka abaprofeti Bakhe. Wayengakwazi amakakwenze. Ke wathi, “Nanko esiza laa mShunanekazi,” wathi kuGehazi. Wathi, “Kwaye—kwaye udakumbile, kwaye uThixo ukufihlile kum. Andazi ufuna ntoni.”

67 Ke, xa wenyukayo. Ndiyakuthanda oku. Xa wenyukayo wasondela ku Eliya, u-Eliya wakhwaza, wathi, “Ingaba kulungile konke kuwe? Ingaba kulungile konke ngomyeni wakho? Ingaba kulungile konke ngomntwana?”

68 Qwalasela, umyeni ehamba emgangathweni, ekhala. Yabona? Wayengenalo ukholo awayenalo umfazi. Kwaye yena umyeni, ekhala nje kwaye eqhubeka; bonke abamelwane, beqhubeka. Kwaye usana, iiyure phambi koko, lwalulele lubanda, ebhedini.

69 Qaphela, xa efika kule ndoda kaThixo. Wathi, “Konke kulungile.” Amen. Ndiyakuthanda oko. “Yonke into ilungile ngoku. Ndisebukhoni bokumele Yena.” Amen. Nantso ke. “Konke kulungile.” Kwaza emva koko wawa phantsi ngasezinyaweni zakhe waqalisa ukumbikela; hayi yena exelela umfazi. Umfazi wamxelela.

70 Kwaye ngoko wathi kuGehazi, “Bhinqa izinge zakho, uthathe le ntonga uze uhambe uyibeke emntwaneni.” Wayengazi into amakayenze.

71 Ke... Kwaye ndiyacinga kulapho uPawulos, enye indoda yeSibhalo, wayengenakho, engenakho ukuthatha iitshefu emzimbeni wakhe, ukuba wayengazange abe neSibhalo sokuyenza. U-Eliya wazi nto, yonke into awayeyichukumisa, yayisikelelekile; kodwa ukuba wayenokufumana umfazi ukuba akholwe koko! Ke ndicinga koko uPawulos wakwenzayo. Ngoku, sithambisa iitshefu nge oli. Ngoku, oko akusoSibhalo, kodwa konke kulungile. Kugqibelele kulungile. “Kodwa bathatha emzimbeni kaPawulos,” iBhayibhile itshilo, “iitshefu okanye imibhinqo.” Qwalasela. Kodwa...

72 Kwaye u-Eliya, wathi, “Thatha le ntonga, hamba uyoyibeka elusaneni. Kwaye ukuba nabani uthetha nawe, sukuphendula. Hamba nje, beka intonga elusaneni.”

73 Ngoku, ukholo lomfazi lwalungekho sentongeni. Lwalukumprofeti. Wathi, “Njengoko e—ehleli nje iNkosi uThixo, nomphfumlo wakho ungasokuze ufe, andizukukushiya.” Kwaye wahlala kanye phaya, enyamekele, wade wafumana impendulo yoko wayefuna ukukwazi.

74 Kuhle, u-Eliya wayengenampendulo, ke kwakukho kuphela into enye yokwenza, kukuhamba naye. Ke, wabhinqa izinge zakhe, waza wahamba.

75 Wadibana noGehazi ebuya. Wathi, “Ingaba uwulandele umyalelo wam?”

76 Wathi, “Ndikwenzile. Ndibeke intonga phezu kosana. Akukho bomi okanye nanto okwangoku.” Ibe iziyure neeyure usana lufile.

77 Kuhle, u-Eliya wangena. Wayengazi amakakwenze. Ke, khumbulani, wehla enyuka ngomgangatho, nje emva

naphambili, emva naphambili, wade uMoya weza kuye. Kwaye xa uMoya weza kuye, wabeka umzimba wakhe phezu kowolwasana umzimba, kwaye yathimla amatyeli asixhenxe yaza yabuyela ebomini, ngenxa yokwakuzinikela nokholo lwalamama.

⁷⁸ Ngoku, uMarta, esazi ukuba laa mShunamekazi womfazi wayenokholo kulaa mprofeti, ekubeni engummeli kaThixo emhlabeni wawo laa mhla. Ukuba u-Eliya wayengu... wayengummeli kaThixo womhla wakhe, waye esazi umfazi ukuba wayebone ngokwaneleyo okuphuma kuYesu okokuba wayeNgummeli kaThixo wawo loo mhla. Nantso ke. Yabona? Yenza iSibhalo sibaleke kakuhle.

⁷⁹ Emva koko, xa wabaleka waphuma waya kuYe, ebonakala ngathi wayenelungelo lokumngxolisa Yena, aze athi, “Kutheni Ungezanga? Kutheni Ungezanga? Sithumele sikubiza Wena. Sishiye icawa. Senze konke *oku*.” Hayi. Leyo yinguqulelo ka 1964 yayo. Hayi ngoko, bona. “Senze konke *oku*. Senze *okuya*. Ndinikeze *oku*. Ndinikeze *okuya*.” Unikeze ntoni? UThixo wanikezela ngoNyana ngenxa yakho nam, abangafanelekanga.

⁸⁰ Ufanele ukuba waphumela phaya. Kwaye wayesazi ukuba uThixo wazibonakalisa Yena. Kwaye qaphela xa esiza. Bamlandela yena, ukuze babone awayeyakuthetha. Ngoku waphuma phaya, waza wawa phambi kwaKhe, kuqala, waze wathi, “Nkosi.” Yilonto Awayeyiyo. “Ukuba Ubulapha, umsakwethu ngeba ebengafanga.” Yabona? “Umsakwenu ngeba ebengafanga.” Kwaye wa . . .

Wathi, “Umsakwenu uyakuvuka kwakhona.” Waza Yena . . .

⁸¹ “Ewe, Nkosi. Uyakuvuka kumhla wokugqibela, kuvuko luka wonke wonke. Wayeyinkwenkwe elungileyo. Uyakuvuka kumhla wokugqibela.” Yabona, babekholwa kuvuko luka wonke wonke.

Wathi uYesu, “Kodwa Ndilulo olwavuko noBomi.”

⁸² Owu, bethu, emva kokuba emphoxile! Ingathini iNdoda, eluvuko loBomi, engaze iphathe isihlobo ngolwa hlobo? Ngamanye amaxesha Uyakuvavanya, abone oyakukwenza. Yabona? Abeke into phambi kwakho, aze abone into oyenayo ngayo. Angayenza lonto, ngobubusuku. Ubesoloko ekwenza oko, nje ukubona oko uyakukwenza malunga nayo.

⁸³ Emva koko siyafumanisa, okokuba xa oku kwenziwa, wathi, “Ndiyakholwa ukuba Wena unguNyana kaThixo owayemele ukuza ehlabathini.” Oko koko Wakuvumayo ngqo ukuba ukuko. “Kwaye nangoku, nangona umsakwethu efile, nangona eqholiwe, nangona engcwatyawe, nangona enuka engcwabeni, kodwa nangoku, nantoni na Oyicelayo kuThixo, uThixo uyakukunika Wena.” Nantso ke. Nantso ke. Eso sisikhokelo sokuvula. Wakholwa koko Wakucelayo. Ukuba Ucela uThixo esenzela yena, uThixo uyakuwava umthandazo

Wakhe. “Nangoku, nantoni na Oyicelayo kuThixo, uThixo uyakukunika Wena.”

⁸⁴ Ngoku ubungabanalo olwahlobo lokholo, ngobubusuku, kwiLizwi likaThixo? Kulungile, uYesu liLizwi Lakhe. Ubungabanalo olwahlobo lungako lokholo eLizwini likaThixo? Xa Lona njengoko li—njengoko liqondakaliselwe ngokungqalileyo ngawo lomhla njengoko Lalinjalo ukuqondakaliswa kulaa mhla. Ungakukholelwa oko? “Nantoni na oyicelayo Wena kuThixo, uThixo uyakukunika Yona.” Yabona?

⁸⁵ Uthi, “Kodwa ugqirha undiphoxile, Mzwalwana uBranham, wathi akanakuba sandenzela nto.”

⁸⁶ “Kodwa nangoku, Nkosi!” Uthi, “Andikwazanga kuhamba iminyaka. Kodwa nangoku, Nkosi, nantoni na Wena oyicelayo kuThixo, uThixo uyakukunika Wena.” Uhleli kwisandla sasekunene kobuKhulu kubuNgangamshe, elindela wena ucele. “Nangoku, nantoni na Oyicela kuThixo, uThixo uyakukunika Wena.”

⁸⁷ Ayitsho na iBhayibhile, “Uhleli kwisandla sasekunene kubuNgangamshe”? Yintoni isandla sasekunene? Hayi isandla njengomntu, esam. Ngamandla, isandla sasekunene samandla. NguThixo enathi, uThixo ekuthi. UThixo apha ngoku. Isandla sasekunene, obuhleli buphila uBukhona, kanye apha. Xa ufuna uThixo, akudingeki uye eZulwini. Ulapha kanye nawe. Isandla sasekunene samandla obuNgangamshe Bakhe, ehleli apha, elindele ukwenza ungxengxezo phezu kwezivumo zenu, elindele ukubizwa.

⁸⁸ “Nangoku, Nkosi!” Nangona ugqirha endixelele andinakuphila kuphela enye iveki, “Nangoku, Nkosi, nantoni oyicela uThixo Wena, uThixo wokunika Wena.”

⁸⁹ Akumangalisi Wathi, “Umsakwenu uyakuvuka kwakhona.” Wathi, “Ndim olwavuko noBomi. Lowo ukholwa kuM, nakubeni ebefile, noko uyakuphila. Nosukuba esidla ubomi okholwayo kuM akasayi kufa. Uyakholwa na koku?”

Wathi, “Ehe, Nkosi, ndiyayikholwa.” Injalo lonto.

⁹⁰ Ngoku, xa unokholo lwenene, xa lawo mazinyo obuxhakaxhaka esiya kuhlangu ngolwa hlobo, ivili lizakujika. Okuthile kuza kwenzeka, kuba kukho amandla macala omabini. Amandla, elukholweni! Kunye namandla. . .Ivili elincinci lijikwa lukholo. Elikhulu lijikwa ngamandla kaThixo. Xa ezo zinto zijika, okuthile kufanele kwenzeka.

⁹¹ Ukwenza okwa kukhanya phezu phaya, kuthatha intwanana ezimbini zento, kunye nomatshini ojikelezayo wokwenza umbane, zijika kunye. Inje kanye ngawe. Iyakwenza ukukhanya. Iyakwenza ukholo. Iyakwenza—iyakwenza amandla. Iyakwenza impiliso. Xa ikholwa noThixo bejika

kunye, kwenza amandla ovuko Lwakhe. Xa ikholwa lithatha iLizwi Lakhe entliziyweni liqalise ukulenza. Lizisa ukhoho, kuba Uthembisile. Yonke into isemgceeni. Kuphela kwento ofanele uyenze ukufumana umbane kukutyhala iqhoshha. Koko kuphela ofanele ukwenze xa esi Sibhalo sifanele sizaliseke ngoku. Cinezela iqhoshha. Sukoyika.

⁹² Yilonto iyinxaki nabantu. Ndasoloko ndisitsho... Yintlekisa encinci ukuyitsho. Ndifumana iindidi ezimbini zabantu njengoko ndihamba, abeziseko nabakwaMoya. Ngaphandle koko, andazi malunga nayo. Kwaye abeziseko ngabantu abaziyo ngokuzinzileyo malunga nalapho bame khona, kodwa abanalo nolunye ukhoho koko bakwenzayo. Kwaye abakwaMoya ngabantu abane... banalo olwakhoho kodwa abazi bangobani.

⁹³ Inje ngomntu onemali ebhankini abe engakwazi kubhala itsheki abe omnye uyakwazi ukubhala itsheki abe akanamali ebhankini. Ukuba unokuzihlanganisa. Ukuba ufumana abakwaMoya ukuba bavuke, okokuba uMoya oyiNgcwele enibanga ukuba ninaye, nguYe eqondakalisa iGama Lakhe neLizwi Lakhe. Ngoko bhala igama lakho ukunqumleza itsheki uze uyingenise. Yiqaphele yona iba—yiqaphele yona iqondwa yibhanki yeZulu.

⁹⁴ “Cela uBawo egameni Lam, nantoni na.” Yabona? Sukoyika ukuyicela. Wathembisa Uyakuyenza. Kutheni, phaya, yiyi... Akudingeki ukuba ukhathazeke malunga nayo. Wayithembisa.

⁹⁵ Yiqwalasele ngoku. Kwaye wayelungile, xa waziyo ukuba uThixo waye eku Eliya, Waye—Waye—WayenguKristu, kananjalo. Uyayikholwa lonto? UYesu wathi wayenguye, wathi wayenguthixo, kuba iLizwi likaThixo leza kuye. Ukuba uThixo wayeku Eliya, kukangakanani ngaphezulu Waye ekuNyana Wakhe! Kwaye ukuba uThixo, ngesa sabelo sincinci, wayenokuvusa usana olufileyo, kukangakanani ngaphezulu, uThixo ekwinzaliseko Yakhe!

⁹⁶ Kuhle, kukangakanani ngaphezulu ngoku, uThixo uziqondakalise kunye nathi kwaye ekuthi! Isicamagushelo senziwe. Sasingenziwanga ngoku. Babesephantsi kwesicamagushelo se—sedini lenkunzi yegusha. Kwaye ngoku siphantsi kwesicamagushelo seGazi likaThixo; hayi igazi lobuJuda, hayi igazi leNtlanga. Wayengelilo nelinye. Waye eliGazi likaThixo.

⁹⁷ Igazi liphuma kwisini seduna. Isikhukukazi singabeka iqanda, kodwa ukuba khange sibe kunye nentaka eliduna, alisokuze liqandusele. Alichunyiswanga. Ukuchuma kusuka kwiseli yegazi esisithwali-oksijini, elo ligazi elikwisini seduna, okoko. Umfazi liqanda kuphela.

⁹⁸ Kwaye kule meko, uYesu wayeliGazi likaThixo, iseli eliGazi elidaliweyo. Wayengenguye umJuda naNtlanga.

Waye enguThixo. IBhayibhile yathi, “Sisindiswe ngeGazi likaThixo,” hayi elomJuda okanye iNtlanga, iGazi elidaliweyo. Kulapho, ukuba WayengumJuda, ukholo lwam lumkile. Ukuba WayeyiNtlanga, ukholo lwam lumkile. Waye enguThixo. Waye engongenakufa uThixo ebonakaliswe enyameni, okokuba Wadala iseli yeGazi waza wezenzela umzimba OngoWakhe. Amen. Oko kwenza amadimoni angancangazele kwaye abaleke. Oko kumenza abe kwintshukumo. Xa ubona eyona yene into. Mayibongwe iNkosi. [IBandla liyancoma—Mhl.] UThixo ebonakaliswe enyameni. UliGazi likaThixo. Ngoko ke, uBomi buza busuka kulambewu. Kwaye ngoku ngelaGazi. . .

⁹⁹ Kwidini elidala, umnquli ubeka izandla zakhe phezu kwenkunzi yegusha, baze banqumle umqala. Ababingeleli bathatha igazi baze bayitshise. Kwaye umnquli, esiva iintlungu zokufa phezu kwe—kwenkuzi yegusha, izandla zakhe zonke ziligazi elisuka kwencinci, efayo inkunzi yegusha, efayo, okanye igusha encinci, njengoko isifa, kodwa wabuyela emva waphuma kunye nesazela esinye ebengene naso. Ngokuba, xa laa seli yegazi yophuka, yayiligazi lenye, iduna lenkunzi yegusha, yabona, kwaye iqanda elisuka kwithokazi. Kwaye ubomi obabukokuya babungenakubuyela phezu kobomi bakhe, ngokuba bubomi besilwanyana. Ubomi besilwanyana abunamphefumlo, ke asazi okulungileyo kokungalunganga. Ke abunakubuyela emva.

¹⁰⁰ Kodwa koKu, xa sibeka ngenene izandla zethu phezu kweDini lethu, uYesu, size sive ezintliziyweni zethu okokuba sinetyala, kwaye sazi oko sikwenzayo. IGazi lelaDini, uBomi obabukwelaGazi yayinguThixo Ngokwakhe, ke Uyabuyela emva phezu kwakho, uMoya oyiNgewele. Uba ngunyana kaThixo, emva koko, ungenasimbi isazela sesono. Lowo uzelwe nguThixo akasenzi isono. Akanakona. IMbewu kaThixo ikuye. Akanakona. Akanamqweni wasono, konke. Ke, oko usanqwenela isono, unetyala laso. Kodwa xa ungenamqweni tu, ukuba wenza nantoni engalunganga, ngoko akuyenzi ngenjongo.

¹⁰¹ AmaHebhere 6 athi, “Ukuba sithi sone ngabomi emveni kokuba sakwamkela ukuyazi iNyaniso, akusasele dini ngenxa yesono.” Ukona ngabom. Ke ukuba uyaqhubeka ufuna ukona, ngabom, kukho into engundonakele namava akho.

¹⁰² Ngoku, xa wamvayo Yena. Waye kanye...Xa Wathi, “Ndiluvuko noBomi. NDINGUYE.” Owu! Enjani ingqiniseko yeLizwi lesithembiso, ngokuba Wayengulaa NDINGUYE owayesentlango kunye noMoses, emva phaya kwityholo elivuthayo! Nkqu naxa onke amathemba ayephelile, nakube kunjalo wayenlisekile. Ukuba nje unokumenza Yena acele, iyakwenzeka. Ngoku, indlela esidinga ngayo ukholo njengoluya namhlanje!

¹⁰³ Ngoku, kwakufanele akholwe kokungenakwenzeka, kwingcinga zale mihla, indlela yale mihla yokucinga. Kwakufanele akholwe kokungenakwenzeka. Kodwa izinto ezingenakwenzeka zenziwa zaba yinene xa uThixo ethatyathwa eLizwini Lakhe. Izinto ezingenakwenzeka zenziwa ezenene xa uThixo ethatyathwa eLizwini Lakhe.

¹⁰⁴ Qwalasela, obunjani ubuhle, “Kodwa nangoku, Nkosi, nangoku,” akukhathaliseki yintoni i—imeko eyiyo. “Nangoku, nantoni na oyicelayo Wena kuThixo, uThixo uyakuyenza,” kula yure elithinzi.

¹⁰⁵ Masiphicothe nje iqela labantu apha, okanye njalo, eBhayibhileni, nje umzuzu, nje ukufumana laa yure ilithinzi phambi kokuba sibize umgca wokuthandazela.

¹⁰⁶ Masinge ngoYobhi. Wayeyeyona ndoda ililungisa emhlabeni, waza uSathana waza phezu kwakhe. Waza kuThixo, kuqala, wamtyhola uYobhi ngokuba ngofekethiswayo nguThixo. Wathi, “Ngokuqinisekileyo, umbiyele. Qhawula uthango. Ndiyakumenza akuqalekise Wena ebusweni Bakho.”

UThixo wathi, “Akunakuyenza lonto.” Yabona?

¹⁰⁷ Kwaye ngoku, uYobhi wangena kulo lonke uhlobo lwengxaki. Khumbula, walahlekelwa bubo bonke ubutyebi bakhe. Walahlekana nako konke ukubaluleka kwakhe.

¹⁰⁸ Wayeyinkosana, uyazi, eMpuma, nazo zonke iinkosana ezincinci zaziqhele ukuza kuqubuda phambi kwakhe ngokuba wayeyindoda yobulumko. Wayengumprofeti. Kwaye wonke umntu wayefuna ukumbona nokuthetha naye, nje ithutyana. Nje ithutyana lexesha lakhe liyakuthetha nje lukhulu. Kwaye indlela awayeqhele ukuhamba ehle ngestrato, intlonipheko entliziyweni yakhe ngoThixo, ngokuba uThixo wamenza umprofeti.

¹⁰⁹ Kwaye amadoda azingqondi ayenyuka aze athi, “Yobhi, mhlekazi, siyazi ukuba uThixo omkhulu weZulu unawe. Nje icebiso elincinci singathanda ukuba nalo. Senze *ethile-thile* into. Sifanele sibe nantoni?” Kwaye uThixo ubesakuyityhila kuYobhi. Kwaye bebesakuya bayokwenza oko ngala ndlela, kwaye leyo yindlela ebisakuba yiyo. Oko kwakulungile.

¹¹⁰ Kodwa, konke ngaxeshanye, bonke abantu bachasana naye. Ehe. Wonke umntu wamjikela. Emva koko izitshingitshane zeza, zabalala abantwana bakhe zabalala zonke izilwanyana zakhe. Yonke into awayenayo yemka. Emva koko kuza abona bakhe abakhulu, mhlawumbi amadikoni ebandla lakhe, yabona, beza kumnika intuthuzelo. Kwaye babemtyhola. “Ngoku, Yobhi, uyazi, indoda eyayithandwa nguThixo, njengawe, kwaye konke oku kwenzekile kuyo, kufanele kube kukho into engalunganga. Wenze into engalunganga.”

¹¹¹ Wathi uYobhi, “Ndonelisekile zange. Intliziyo yam icecekile phambi koThixo, kwaye ndilenzile idini lam.” Amen.

¹¹² Nantso ke, ngoko yima kulo. Ukuba uhlangabezene neemfuno zikaThixo, hlala kanye phaya. Sukugungqa. U-Abraham wabiza yonke into echaseneyo nesasithembiso njengengekhoyo. Zange agxadazele kwisithembiso ngokungakholwa, kodwa womelela, enika indumiso uThixo.

¹¹³ UYobhi wahlala kanye nalo. Kwaye emva kwethuba, ongowakhe umfazi ngahlobo luthile wamjikela. UYobhi wabanamathumba, impilo yakhe yasilela. Waphuma waya kuhlala eluthuthwini, wazikrwempa ngompha okanye okuthile, isirhuzuli. Ungafane ucinge esinjani ukuba lusizi isimo laa ndoda yayikuso!

¹¹⁴ Ndikhumbula ndithatha eliya ngelinye ixesha, kumnquba wam, iminyaka eyagqithayo. Kwaye ndandikuyo unyaka, nje iNcwadi kaYobhi. Leyo yindlela. Siyayiqhekeza nje, nje sithunge lonke iLizwi ngokuhlangana. Kwaye emva koko ndabanaye kwelathuthu phaya malunga nezintlanu ezilandelelanayo iiCawa. Kwaye zange ndi. . . Emva kwethuba, udade omncinci wandibhalela incwadi. Wathi, “Mzalwana uBranham, uzakumsusa nini uYobhi kwelathuthu?” Kodwa nda—ndandizama ukuvakalisa into. Yabona? Nda—ndandi—ndandizama ukwenza oku kuzinze, okokuba, kutheni wayephaya.

¹¹⁵ Kwaye umfazi wakhe waphuma wathi, “Yobhi, ulusizi. Kutheni ungamqalekisi uThixo uze ufe ukufa?”

¹¹⁶ Ngoku jonga. Zange ambize yena umfazi osisidenge. Wathi, “Wena uthetha okomfazi osisidenge.” Ngamanye amazwi, “U—u—uthetha okwesidenge.” Wathi, “iNkosi yanika, kwaye iNkosi iyathabatha. Malibongwe iGama leNkosi.”

¹¹⁷ Emva koko, wayesazi wayezakufa. Kwaye wathi, “Nkosi. . .” Isahluko se-14 sikaYobhi, wathi, “Kukho ithemba emthini, ukuba uvuthulekela phantsi.” Wayazi ukuba ubu. . . Iyabaphembelela abantu. Ubomi bakhe babululutho. UThixo akazange asinike ubomi bethu nje ukuba siyabule, *oku, okuya*. Wabunikezela, ukuba busetyenziselwe Yena. Yenza into ethile. Xeleta umtu othile. Akunakuthetha? Hlabelela ngomlozi, okanye into ethile. Nika inkangeleko ethile, ndaweni ithile. Kwaye uYobhi wayeluhlobo lendoda eyayilulutho.

¹¹⁸ Wathi, “Ukuba umthi uhlela engewabeni; i—ivumba lemva, iingcambu ziyaphuma kwakhona. Ukuba intyantyambo iyafa, ingcambu encinci ilala phaya ize idubule ivuleke, intlama iyaphuma kuyo.” Akukho ndlela onokufumana ubomi kuyo. Kodwa xa intlakohlaza ifika, iyavela lantatyambo kwakhona. “Ngoku, kukho ithemba, ukuba intyatyambo iyafa, ukuba umthi uyafa. Kodwa umntu,” wathi, “ulala phantsi, aphume umoya. Oonyana bakhe bayeza ukuza kumnika imbeko, kwaye angayiboni lonto.” UYobhi ufuna ukwazi. “Xa betyala imbewu emhlabeni, kwaye iyaphuma. Kodwa batyala umntu

emhlabeni, kwaye akaphumi.” Ngoku wathi, “Kumalunga nantoni konke oku?”

¹¹⁹ Kwaye wayengaqondi. “Angathini umntu, enozuko olungaphezulu kunentyatyambo; umntu, enozuko olungaphezulu kunomthi, kumfanekiselo kaThixo; kwaye noko wamtyala emhlabeni, kwaye oko—oko kugqityiwe. Oonyana bakhe bayeza kuzila, kwaye akayiboni lonto. Owu akwaba Ubonokundifihla engcwabeni, Ubonokundigcina endaweni enqabileyo de ugqithe umsindo Wakho. Wena Undibekele ixesha nendawo; endingenakuyigqitha.”

¹²⁰ Qwalasela ngoku, xa konke okukuxhwaleka kufika. Kwaye nabahlobo bakhe bamzela ngomhlana, bamtyhola ngokuba ngowona emfihlekweni. Umfazi wamlahla. Wonke umntu wamlahla. Wathi, “Umphefumlo wakhe wawungongaqhelekanga emfazini wakhe.” Kunye nazo zonke izinto ezenzekayo kuye! Kwaye kwakhangeleka ngathi uThixo umlahlile. Kwaye wayezakufa aze aye emhlabeni.

¹²¹ UThixo wathetha naye, kangangohlobo lokuthi, “Yobhi, ngoku bhinqa izinqe zakho. Ndizakuthetha nawe.” Kwaye xa Wathi, “Uyabona, umthi zange wona. I—intyatyambo zange yona. Yayifezekisa injongo yaM. Ngoko ke yantshuliswa, enye ukuya kwenye, kwaye zange yone, ke iyavuka kwakhona. Kodwa umntu wona, ngoko ke uyanqanyulwa.”

¹²² Ke, ngoko, uYobhi waqalisa ukumangala, waza wangena ekudakumbeni nje kanye ngoMarta wenzayo. Kwiyure yobumnyama, xa, yonke impembelelo yakhe, ingaba uyiphile elizeni? Uzakuthetha njani noYobhi Yena? Ungumprofeti. Uyakuthetha njani naye? Kumbono.

¹²³ Emva koko wakhangele phezulu, zaza iindudumo zagquma, imibane yatshawuza, waza weza uYesu. Emva koko wambona Yena kwimihla yokugqibela. Wathi, “Ndiyazi uMhlawuleli wam uhleli, kwaye ngemihla yokugqibela Uyakuma phezu kwalo mhlaba. Nakubeni iimpethu zofele lwam ziwudlavuzile lo mzimba, kodwa enyameni yam ndiyakumbona uThixo endiyakumbona.” Iyure yobumnyama, emva koko uYesu uyeza.

¹²⁴ Ngoku, leyo yeyona Nwadi indala eBhayibhileni. UYobhi, yayibhaliwe phambi kweGenesis ibhalwe, bayabanga.

¹²⁵ Qwalasela ngoku uMoses, kwiyure yakhe yobumnyama. Wayesazi. Unina wayemxelele indlela uYehova awamkhulisa ngayo, indlela awayezakuba ngumhlanguli wabantu. Kwaye wayezamile ukuyenza ngendlela yasemkhosini yokuma, kuba wayeyindoda yomkhosi, wakhuliswa noFaro, waba yi—yinkokheli. Wayezakuba ngufaro olandelayo. Kwaye waphuma waya kuzama ukubahlangula bona ngesandla esisesakhe.

Kodwa uThixo akahlanguli njalo. UThixo uhlangula ngesandla esiseSakhe.

¹²⁶ Ke wabakrelekrele, wafunda, wafunda zonke i . . . wafumana eyakhe iPh.D., neLL.D. kunye nazo zonke iiLL neeDD ezahamba nayo, ndiyaqikelela. Ke wacinga, “Ndiyifumene ngenene ngoku. Ndisandula ukuphuma esikolweni sakwalizwi.” Ke waphuma phaya, waza wasilela.

¹²⁷ Emva koko uThixo wamthabathela phaya iminyaka engamashumi mane waza wakhuphela ngaphandle yonke la mfundo kuye, yabona, amashumi amane eminyaka. Ngoku uyindoda endala, amabhovu ajinga ehlela ngasesinqeni sakhe, ukhuni esandleni sakhe, onke amathemba okuhlangula abantu egqibile ukuphela. Alusizi amaHebhena ezantsi phaya, ehluphekile ngabo baqhubi babo, etywatyushwe imihlana, kunye—kunye nabombi bodaka eludakeni. Onke amathemba okuhlangula emkile. Kwaza emva koko ngenye imini, kwicala elingasemva kwentlango, uYesu weza, iNtsika yoMlilo. Wathi, “NDINGUYE.”

Okoko Wayekuko Yena. Ngenye imini Wayethetha . . .

¹²⁸ Wathi, “Kutheni, Usithi Wena ‘wabona u-Abraham’? Kutheni,” wathi, “kutheni, Akukho nangaphezu kwamashumi amahlanu eminyaka ubudala. Kwaye uthi . . . Siyazi Uphambene. Une—Unedemoni.”

Wathi, “Phambi kokuba wayekho u-Abraham, NDINGUYE.”

¹²⁹ Ke, yayinguYesu owezayo, kwiNtsika yoMlilo, kwiyure yakhe eyona imnyama. Kwaye wehla, ngoko.

¹³⁰ Uyazi, xa uYesu ekufumana, ikwenza wenze izinto ezivakala phambeneyo, ehlabathini. Ungafane ucinge laa ndoda indala isihla isiya phaya ukuyakuthatha esasixeko, okanye elaa lizwe? Kwaye yayenza, inentonga egoso esandleni sayo, kodwa yona ngokwayo yayisesandleni sikaThixo. Koko okwenza umahluko.

¹³¹ Kulungile, masithethe ngesinye isimo nje ithutyana. Masithethe malunga noYayiro, eBhayibhileni, ngeentsuku zikaYesu. Yena, wayengolungileyo omncinci umfo. Waye eli—elikholwa, ikholwa elizifihlayo. Bendiya kumbiza into ethile enjengekholwa lasemdeni, njengeentlola ezawelela ngaphaya zangcamla izinto ezilungileyo zaza zabuyela emva zathi ayinakwenzeka. Kodwa uYayiro wayelikholwa lasemfihlakalweni. Wayeyikholelwa iNkosi uYesu, kuba wayengumfo olungileyo. Mhlawumbi wayezifundisisile iincwadi ezisongwayo, waza wabona apho uYesu wahlangabezana nazo zonke eziyimfuneko, kwaye waye Engulamprofeti owayefanele ukuvuswa, ngokuka Moses. Kodwa wayengenakulenza uvumo lwakhe, ngokuba, oko, nawuphi umntu owenza uvumo lokuba babenaye uYe . . . ebehamba noYesu, ke, kanye ngoko babesikwa. Kwaye waye engumbingeleli.

¹³² Kodwa, uyazi, uThixo unendlela yokunyanzela into, ngamanye amaxesha, ukukwenza uyenze. Ke, uyazi,

wayenentombi encinci, umntwana wakhe okuphela kwakhe. Kwaye wagula kakhulu, baze babiza ugqirha. Waza ugqirha wenza konke anokwenza, yaza intwazana encinci yagula ngakumbi. Ngoku ugqirha wambizela ngaphandle, wathi, “Yayiro, ndikuthiyile ukuxelela oku, Gqr. okanye Mfu. Yayiro. Kodwa uyazi intoni? Laa mntwana uzakufa. Kunga malunga nje neyure aphilile.” Ndingafane ndicinge, bonke bephakuzela, kwaye nabantu bemile kufuphi, belila. Kwaye bamlalisa emandalweni omncinci, isofa encinci phaya, enjalo. Waza ngoko uYe- . . .

133 Ndingambona uYayiro omncinci ejikeleza ukuya kufumana umnqwazana wakhe omncinci wobulungiseleli, waza wawugungxa. Umfazi wakhe wathi, “Uyaphi?”

134 “Uyazi, ndiyaqikelela inyanzelwe kum.” Emva koko waphuma ngomnyango. Wathi, “Kuphi. . .” Umalusi wakhe wayemi phaya, wathi, “Yayiro, uyaphi?”

“Uh, kuhle, ndiyacinga ndiyakukhe ndithabathe uhambo.”

135 Uyazi, leyo yiyure yakhe yethinzi elikhulu. Apha kuza mntu othile phezulu endleleni, wathi, “Heyi, Yayiro! Uyazi nguBani osezantsi edokisini? UYesu waseNazarete, laa mprofeti, usandula ukufika.” Yayiyeyona yure yakhe inethinzi kakhulu, ngoko wasondela uYesu nje kwithinzi elimnyama leyure. Ndingambona egungxa lamnqwazana mncinci ebusweni bakhe, esihla ngendlela ngamandla kangangoko enako.

136 Wathi, “Nkosi, yiza ubeke izandla Zakho phezu komntwana wam, kwaye uyakuphila.” Xa wayesendleleni yakhe ebuyelayo, into yokuqala uyazi, omnye othile wathi, “Sukumkhathaza Yena. U. . . Selefile. Ufe izolo, kwaye ulele ngoku.” Owu, kwaye u. . . Intliziyo yakhe encinci yayimalunga nokukrazuka.

137 Ndingambona uYesu ejonga kuye, wathi, “Ingaba andikuxelelanga na, ‘Musa ukoyika kwaye uyakulubona uzuko lukaThixo?’” Ndiyayingcinga intliziyo yakhe yabuyela ekubetheni kwakhona kakuhle. Wenyuka ngendlela, ejonge yonke intshukumo. Wafika endlini, bathi, “Owu, ufile.”

Wathi, “Akafanga. Ulele.”

138 “Kuhle,” bathi, “ngoku thina. . . Sivile Wena ubuphambene; ngoku siyazi Unjalo.”

139 Wathi, “Phumani, nonke nina bangakholwayo. Andinakwenza nto ngelixa nina bangakholwayo nihleli apha.” Wabakhuphela ngaphandle bonke. Emva koko waya ngaphaya kumntwana, wathi, “Vuka, ntwazana,” waza wavuka. Isithinzikazi seyure, ukufa kwakugqibile kuntlithe ikhaya, waza uYesu wasondela.

140 Ngoku siyaqwalasela, xa intwazana yakhe encinci yayigula, zange alinde, njengoNikodimo, udliwano ndlebe lwabucala ebusuku. Isidingo sasingoko. Kwafuneka enze into kanye ngoku. Okukwakunye kanye ngoku. Ukuba lakhe lakho ixesha ofuna

ukuphila, kanye ngoku lixesha. Sukulindela elinye ixesha. Eli lixesha lokwenza into. Ewe, mhlekazi. Waba ngozilahleleyo, waza uYesu weza wambiza ekufeni.

¹⁴¹ Oyimfama uBhartumeyi, esinye ngaphezulu isimilo esizakuthetha ngaso, nje okomzuzu. Ndingathanda ukuninika ibali ngobomi bakhe, indlela a—awaye eyiyo, indlela awayesenza ngayo indlela yokuphila ngamahobe amancinci edlala. Kwaye ke, ngezo ntsuku, babenemvana eyayisakukhokela umntu oyimfama, nje kanye benayo namhlanjeinja ekhokela oyimfama.

¹⁴² Ke ngenye imini, ibali liyabaliswa malunga noBhartumeyi, okokuba, uYesu, phambi kokuba Aze embonisweni, kwaye wayenentombi encinci eyayigula. Kwaye waxelela . . . waphuma wakhala kwaye wathandaza eNkosini, wathi, “Nkosi, ukuba Uno . . . ukuba nje Unokundinika obu bomi bale ntombi yam incinci! Andizange ndibenakho ukuyibona. Kodwa ukuba nje Unokumenza aphile, ndiyaKuthembisa, ngomso, okokuba ndiyaKunika amavukuthu am amabini.” Oko koko wayenako ukonwabisa abantu ngako. Ke abangqibi abaninzi, kwakufanele abe nento engaqhelekanga. Ke amabini amancinci amavukuthu ayeyakudlala elinye phezu kwelinye. Ke wathi, kulungile, uya . . . Wanikezela, wanikeza umnikelo, ngokuba umntwana waphila.

¹⁴³ Ubusuku obumbalwa emva koko, umfazi wagula. Waza waya ngaphaya, ecaleni lendlu, wathi, “Nkosi, andinanto ingenye kodwa imvana yam encinci endikhokelayo.” Wathi, “Ukuba Uyakumenza aphile,” wathi, “Ndiya—ndiya—ndiyakuKunika lemvana.” Kwaye ke, kusuku olulandelayo, umfazi wakhe waphila.

¹⁴⁴ Ke nanku elapha, esihla. Waza wathi, umbingeleli wathi, “Uyaphi na wena, Bhartumeyi oyimfama?”

¹⁴⁵ Wathi, “Ndiyehla ukuyakunikela ngale mvana.” Wathi, “Umfazi wam; uYehova umphilisile umfazi wam.” Waza wathi, “Ndiyokunikela ngale mvana.”

¹⁴⁶ Wathi, “Akunakunikela ngala mvana, Bhartumeyi.” Wathi, “Laa mvana ngamehlo akho.”

¹⁴⁷ Wathi, “Kodwa ukuba Bhartumeyi uyakuthobela isithembiso sakhe kuThixo, uThixo uyakubonelela imvana ukwenzela amehlo kaBhartumeyi.”

¹⁴⁸ Ngenye imini, weva isankxwe sisiza ngesixeko, abanye babo bengxola, “Besithi, Wena mprofeti waseGalili, bandixelela ukuba Uvusa abafileyo.” Lowo yayingumbingeleli. “Sinamangcwaba agcwele bona phezulu apha. Nyuka uze kubavusa abanye babo. Bandixelela Uvusa abafileyo. Masibone Wena usiya, vusa omnye wabo. Abanye babantu abalungileyo balele phezulu phaya. MasiKubone ubavusa bona.” Abanye

bathi, “Ukuba Ungumprofeti, ndixelele yintoni endiyenzileyo izolo.”

¹⁴⁹ Abanye babo bathi, “Uzuko kuThixo enyangweni! Vulelani umtyhi uKumkani kaSirayeli.”

¹⁵⁰ Zonke intlobo zeenkuku, namakhulu abo. Ngoku, ukuba uyakuya, ukhe waya eYeriko, uphawule apho wayehleli khona, wayemalunga namakhulu amabini omgama ukusuka apho baphuma khona esangweni. Ngoku, akukho ntandabuzo, abantu bethontelana phezu kwakhe. Kwaye ohluphekileyo omdala umfo ehleli phaya emoyeni, nokungangcazela, nemirhaji imsongele. Kwaye kungekho mvana yakumkhokela, kungekho—kungekho namahobe. Kwaye mhlawumbi wayengenamafutha ukwenzela ubusika, kwaye i... mhlawumbi kwakumalunga no Oktobha, kwaye kubanda. Kwaye nako ehleli, kula meko. Kwaye wa... Elinye elilungileyo inenekazi makube lathi kuye, xa... .

¹⁵¹ Wathi, “Ubani? Imalunga nantoni yonke ingxolo?” Uyazi, kukho into engaqhelekanga. Apho akhoyo uYesu, kusoloko kukho ingxolo eninzi. Ehe. Kunjalo. Wathi, “Imalunga nantoni yonke ingxolo?” Kulungile, bathi... .

¹⁵² Eli nenekazi lilungileyo, kufanele makube lalingumlandeli kaYesu. Lathi, “Uyazi, nguYesu waseNazarete.”

“Kuhle, ngubani uYesu waseNazarete?”

¹⁵³ “Kuhle, uyazi, iSibhalo sitsho ukuba iNkosi uThixo izakuvusa umprofeti.”

“Owu, ewe! Uthetha uNyana kaDavide? Ingaba Usemhlabeni?”

“Ndimbonile Yena esenza kanye ngokuchanekileyo. UliLizwi. Injalo ngqo lonto.”

¹⁵⁴ Wamemeza, “Owu, Yesu, yiba...Owu, Yesu, Nyana kaDavide, yiba nenceba kum!” Ngoku, wayesazi. Wayegqibile ukugqitha. Wayesazi ukuba umemezo lwakhe lwangokwenyama lwalungenakuviwa. Kodwa wazi, ukuba waye EliLizwi, kwaye eNgulaMesiya, kwakufanele Abe ngumprofeti, kuba uMesiya wayengumprofeti. Kwaye wayesazi ukuba unokuba...ukholo lwakhe kuThixo. Hayi intandabuzo kodwa oko wakumemezayo, “Yehova, yiba nenceba kum! Yiba nenceba! Ngoku mandimenze ame Yena.” Waza wamemeza, “Wena Nyana kaDavide, yiba nenceba phezu kwam!” Mhlawumbi, konke ukumemeza, Wayengenakho ukuluva. Kodwa ukholo lwakhe lwaMmisa. UYesu watsho njalo.

¹⁵⁵ “Waza uYesu wema ngxi.” Ndifuna ukushumayela koko, mhlawumbi, ngelinye ixesha, imini. “Kwaye ngoko uYesu wema ngxi.”

¹⁵⁶ Kwaye wema Yena ngxi. Wabhekabheka. Waza Wathi, “Ukholo lwakho lukuphilisile.” Kula yure ilithinzi kakhulu, ngoko uYesu wasondela.

157 Intsasa nje phambi koko, kwakukho i... xa Wa... intsasa kanye phambi kokuba Angene, ephuma ngesango ngala mvakwemini. Wayeze esixekweni, kwakukho indoda phaya egama linguZakeyu. Kwaye yayingusomashishini wesixeko. Kwaye umfazi wayo, uRebheka, waye e—engumfazi olungileyo, ikholwa kwiNkosi uYesu.

158 Kodwa wayengakholwa, yena buqu, kuba urabhi wayemxelele, “Akukho baprofeti. Asinabaprofeti. Eliya ligquba lobuvuvu. Ungayikholelwa into enjeya. Uyechubeke kakhulu elungileyo indoda; ishishini lakho apha. Kutheni, ungaze uyenze lanto. Jonga ukuma kwakho ecaweni.”

159 Kwaye ke wayemxelele uRebheka, wathi, “Owu, kukho ubuvuvu. Akukho nto injengomprofeti.”

160 Kodwa, uyazi, uRebheka wayethandazile; de intliziyo yakhe encinci yayimalunga nokukrazuka. Wayefuna ukuzibonela ngokwakhe. Ke wayesazi ukuba Wayezakuba sesixekweni ngala mini. Ke uyazi awakwenzayo? Wayemfutshane ngesithomo, ke wayengenakho u—ukumbona Yena xa Egqitha, ngenxa yesihlwele. Ke wathi, “Ndiyakufumanisa ukuba Ungumprofeti na okanye hayi. Ukuba ndiMjonga ebusweni, ndiyakukuxelela ukuba Ujongeka hlukileyo kwenye nayiphi indoda.” Ke wakhwela phezulu emthini, waza watsalela onke amagqabi kuye, nezinto, wahlala phaya. Waze wathi, “Ngoku, uyazi, xa Egqitha, ndizakuMbona.”

161 Ke njengoko Ejikela idolo, ehamba *ngoluhlobo*, esihla ngestrato, wafika kanye phantsi komthi. Waza Wema, wajonga phezulu, wathi, “Zakeyu, yehla. Ndiyagoduka nawe.” Owu, iyure yethinzi lakhe elikhulu. Ingaba waye Engumprofeti okanye waye Engenguye umprofeti? Kwiyure yethinzi elikhulu, uYesu uyasondela. Wayesazi ukuba yayingubani. “Zakeyu, yehla.”

162 UZakeyu wathi, “Ukuba ndenze nantoni engalunganga, ndiyakuyihlawula. Ndiyakwenza nantoni na.” Wayeqondisisekile. UYesu wasondela.

163 Umfazi onethombe legazi wahamba, iBhayibhile yathi, “Wachitha yonke imali yakhe koogqirha. Akukho namnye kubo owayenokumnceda.” Akukho ntandabuzo, oogqirha bazama kanzima, kodwa basilela. Babengenakho ukumnceda. Wayenalok elithombe legazi iminyaka ngeminyaka, mhlawumbi ukusukela ekuyekeni ukuya exesheni. Kwaye waye engumfazi omdala ngoku, eqhubekeka nje. Engenakuyenza. Owu, waye... Wayesekuzilahleleni. Ngokuba, akukho ntandabuzo, ngalaa ntsasa xa omncinci—omncinci umkhonjana utyhalekela ekudlikidlweni ezantsi phaya, umntu othile... Wayehlala phezulu endulini, ngasentla. Mhlawumbi umyeni wakhe wayesele wawathengisa amahashe, kunye—kunye nefama bebambise ngayo, nento yonke, ezama ukwenza lomfazana

wakhe mncinci aphile. Kwaye hayi. . .Wayevile malunga naYe. Wathi, “Ngubani lowa usezantsi phaya?”

Wathi, “Lowa ngulaa mprofeti wase Galili.”

¹⁶⁴ Wathi entliziyweni yakhe, akukho Sibhalo ngayo, “NdiyaMkholelwa. Kwaye ukuba nje ndingachukumisa laa ngubo yalaNdoda ililungisa, ndiyakuphiliswa.” Hmm! Ukuba wayenokwenza okuya ngaphandle kwesithembiso seSibhalo, kufanele thina senze ntoni ngesithembiso seSibhalo? Watyhilizela phambili.

¹⁶⁵ Kwakukho umalusi, bonke babo, bemile phaya ukumgxeka umfazi, behlekisa ngoYesu kwaye bezama ukuMenza awushiye umhlaba. Babengafuni abantu babo bonke baphazamiseke ezingcingeni. Babengenakho ukusebenzisana emhlanganweni. Kwakungekho nto babenokuyenza.

¹⁶⁶ Kodwa Weza ngapha ukuza kuba nomhlangano, nakanjani. Yabona? Kwaye ke Wayezakuba nawo, nakanjani. Ke siyafumanisa, kwakukho ababini okanye abathathu phaya abanokumnceda Yena, ke bamwelisa Yena umlambo, nakanjani. Ke ngoko siyafumana, okokuba kwi. . .njengoko Waqalisa ukuhamba.

¹⁶⁷ Lo mfazi mncinci, wathi, “Kulungile, enjalo iNdoda ukuba njeya, ebaluleke kakhulu, ndingongabalulekanga kakhulu kuYo.”

¹⁶⁸ Kwaye abaninzi, abanye babo baqalisa ukuthi, “Uh, ndazise kuYe, ngokuba ndi—ndifuna ukwazi ukuba Ngumprofeti okanye hayi.” “Uh, ke, kuhle, ndazise, Simon,” *ubani-bani*. Wonke umntu, “Eweke, Rabhi! Kutheni, bathi Ungumprofeti.”

¹⁶⁹ “Ehe. Ehe. Enkosi, mhlekazi. INkosi ikusikele.” Qhubeka, ngalo oloholo, njengoko Wahamba waqhubeka.

¹⁷⁰ Into yokuqala, lo mfazi mncinci waqhubeka ezicudisa phakathi kwalo madoda, nangokujikela, wade wachukumisa ingubo Yakhe ngoku. Ingubo yasePalestina iyawunduzi; ino m—mphakathi wengubo, nawo, ukugcinela uthuli kude emilenzeni. Kwaye Ebengayi kuva oko ngokwasenyameni. Ngoko, wamchukumisa Yena. Oko koko wayefuna ngqo ukukwenza. Wabuyela emva waza wahlala phantsi.

¹⁷¹ Leyo yayiyure yakhe yethinzi elikhulu, yonke imali yayiphelile, yonke into engenye, waza wasondela uYesu. UYesu waguquka wathi, “Ngubani oNdichukumisileyo?” Wajonga phandle phaya, kwaye nanko wayelapho. Wathi, “Ukholo lwakho lukusindisile.”

¹⁷² Umfazi omncinci equleni ngokwasekuziphatheni, wayengenakuba mbi ngakumbi. Wayene. . .Wayesandula ukuthatha owesithandathu umyeni wakhe, ke ngokwasekuziphatheni wayengenakuba ngakumbi. Iyure yakhe yethinzi elikhulu, akukho ntandabuzo, ukunyukela phezulu

phaya aze athi, “Olunjani udwayinge endilulo! Ndingomtsha, umfazi omhle, kodwa ndiyaqalisa ukuguga nje kancinci. Ndifikelela kumashumi amabini am ngoku, ke eyam... andinakuqhubeka...”

¹⁷³ Ngoku khumbula nje, dade, xa ushiya laa mashumi amabini, xa ushiya laa mashumi amabini anesibini eminyaka, uyasilela, akukhathaliseki nokuba ucinga akunjalo, okanye hayi. Unjalo. Ehe. Uyasilela. Yonke indoda injalo, nayo. Wena, xa ufika malunga... uya...

¹⁷⁴ Yilonto endayibuzayo kumhlangano waseKiwani ngaxesha lithile. Ndathi, “Ndixelele injani, eyokuba, xa ndisitya ukutya, kwenza iiseli zegazi kunye nam ndibe mkhulu ndomelele. Xa ndandineshumi elinesithandathu iminyaka ubudala, nditya into ekwanye endiyityayo kanye ngoku. Ndiba mkhulu ndomelele lonke ixesha. Ngoku, ukusukela ekugqitheni amashumi amabini anesibini, akukhathaliseki nditya kangakanani, ndizikhathalele kangakanani, ndiba buthathaka namdala. Kutheni injalo, ukuba ndihlaziya ubomi bam ngoku, ingaba iyakuba koko...? Lonke ixesha ndisitya, ndihlaziya ubomi bam, kuba ndifaka iiseli zegazi ngaphakathi. Kutheni zingasayi kundakha ngoku njengoko bezisenza ngoko?” Akunakho ngokwenzululwazi ukuyiqondakalisa, ukuba ufanele uyenze.

¹⁷⁵ Lidinga uThixo alenzileyo. Kwaye uzakuhlangana nalo, nawe. Khumbula nje oko. Uza kulo. Galela amanzi uwakhuphe emphandeni, uwase egilasini, iba sisiqingatha ukuzala, kwaye emva koko ukhawulezise ukuwagalela ayehla; ndixelele aya phi kwaye kwenzeka ntoni. Yabona? Kungokuba uThixo wenze idinga.

¹⁷⁶ Kwaye lo mfazi mncinci, wazi ukuba imihla yakhe yayimalunga nokugqitywa ngoko. Umsebenzi wakhe uyakonakaliswa. Ke wayecinga malunga, “Ndiyakwenza ntoni? Kodwa,” wathi, “uyazi, ndasoloko ndacinga ukuba ngenye imini kunokubakho uMesiya aze.” Wenyukela phaya, iqula. Kusoloko kuxa ucinga malunga naYe, xa Esondela. Yabona? Kwaye ke wenyukela phaya; ithinzi. Bonke abafazi babemkile. Kwaye wayengoziphethe kakubi, engenakuthetha nabo, okanye nanto. Enamagwegwe, kwaye wehlisa isijijo. Waza waqalisa...

Wava uMntu esithi, “Hamba uye kubiza umyeni wakho uze apha.”

Wathi, “Andinamyeni.”

¹⁷⁷ Wathi, “Injalo lonto. Ubunamahlanu, kwaye nale uhlala nayo ngoku asiyoyakho.”

¹⁷⁸ Waza waba sekuzilahleleni. Wathi, “Mhlekezi, ndiyabona ukuba Ungumprofeti. Ndiyazi ukuba xa uMesiya efika, oko koko Ayakukwenza.”

Wathi, “NdinguYe.”

179 Owu, abafundi babephezulu elwandle, ngobunye ubusuku, kwaye onke amathemba emkile. Mhlawumbi uhleli apha, ngobubusuku, kule ndlela inye, onke amathemba amkile. Umkhonjana wabo wawuzele ngamanzi nayo yonke into. Kwaye, uYesu, bemka ngaphandle Kwakhe.

180 Kwaye xa bakhalayo bekhwaza, kwaye bemangalisiwe yintoni eyayizakwenzeka, yintoni eyenzekayo elandelayo? Bambona Yena esiza ehamba phezu kolwandle. Uyazi intoni? Babemoyika Yena. Yakhangeleka okwesiporho, yakhangeleka okwethile ethile engathi ingaba luhlobo lobumoya okanye into ethile. Yabona? Naku kusiza uMntu ehamba phaya, nje ngesithunzi emanzini, baza baqalisa ukukhala. Kuphela kwento eyayinokubanceda, kwaye ngoko babeYoyika.

181 Ukuba oko asiyiyo ngokuchaneke ngqo indlela ekuyiyo namhlanje, bayaWoyika wona, bayaWoyika.

182 Kodwa kwenzeka ntoni? Nje kwiyure ekoyikeni kwabo, iZwi leza, lathi, “Musani ukoyika. NdiM.” Emva koko, uYesu wasondela. Owu, bethu! uYesu wasondela. “Musani ukoyika. NdiM.”

183 Ngoku, uYesu nguye izolo, namhlanje, naphakade. Andazi, ngobubusuku. . . Ndifanele ndishiyelele omnye umxholo wam apha. Kodwa andazi, ngobubusuku, ukuba thina, kule yure. . . UMFundisi uzile njengoko Ethembisile, kwaye ubiza abantwana Bakhe abakholwayo ukuba baMqonde eLizwini Lakhe, elibonakalisa Lona. Andazi nokuba uYesu uzile kuthi. Lena yi—lena yiyure elithinzi kakhulu ibandla elakhe layibona.

184 Ngoku, uyazi intoni? Lonke ibandla, kwamsinya, lizakufanele libe leleliya—eliya Qumrhu lamaBandla Ehlalathi. Kwaye xa uyenza, uyakuphulukana namalungelo obuvangeli bakho xa usenza oko. Kwaye ukuba akuyenzi, ngoko akunakuba lihlelo tu. Kuba, lonke ihlelo kufanele lize kulo. Nifundile ngayo, nje ngohlobo olunye njengoko ndenzayo. Yiyure elithinzi kakhulu ibandla elincinci elakhe lanayo. Yonke into iphumile ngenxa yayo. Bakwa Moya, owu, zivuseni!

185 Kwaye kanye kuleyure yethinzi elikhulu, ngoko nako kusiza uYesu, ukuzakungqinela ukuba Unawe. Ulapha, yabona, iyure elithinzi kakhulu.

186 Ndivile ibali elincinci, kundithatha nje umzuzu ukulibalisa. Umfazi wa—wabizwa, unosithili weza ukuza kumbona, kuba wayebethekile kukuhlupheka. Wayenonyana, kwaye wayemkile waya e-Indiya kwixesha eladlulayo. Kwaye yena, olunge kakhulu umhlobo, kwaye inkwenkwe elungileyo. Kwaye ke umfazi waba njalo nje, engenakutya nento yonke, de unosithili eze kuphanda, ukwenzela yena ukutya kukanosithili. Kwaye xa babelapho, yathi indoda, “Kuhle, akunabo na abakuthandayo bakuncede?”

Wathi, “Owu, ndinonyana.”

Wathi, “Wenza ntoni?”

Wathi, “Owu, uyi—i—injineli yombane e-India.”

“Kuhle, usebenzela bani?”

Wathi, “Urhulumente we United States.”

“Kutheni,” wathi, “engakuncedi?”

Wathi, “Kuhle,” wathi, “a—akandancedi. Kodwa . . .”

187 Wathi, “Kuhle, ke kutheni ungamceli endaweni yokubiza unosithili?”

188 Wathi, “Uyelunge kakhulu inkwenkwe. Undibhalela ezakhe zamnandi iileta.” Waza wathi, “Uyazi, ndiyamthanda, ke andinakumxelela ukuba ndi—ndinesidingo ngolu hlobo.”

189 Bathi, “U—ukubhalela iileta, kwaye uyeva kuye, nento yonke?”

“Ewe.”

“Kwaye futhi akakuncedi?”

190 Wathi, “Hayi.” Wathi, “Kodwa undithumela eminye eyakhe yamihle imifanekiso endakhe ndayibona ebomini bam.” Kwaye wathi . . .

Ke yathi indoda, “Makhe ndiyibone eminye yale mifanekiso.”

191 Wathi, “Kulungile, mhlekazi. Ndinayo kanye apha eBhayibhileni.” Kwaye wayivula, waza waqalisa ukuyizisa. Uyazi yayiyintoni? Ii-odolo zemali esuka e-India, enemifanekiso. Yayinemifanekiso yonke, uyabona, ii-odolo zemali. Wayenamawaka eedola, kodwa nje wayengazi ukuba wayexabisekile. Yayifihliwe yonke eBhayibhileni.

192 Andazi, ngobubusuku, ukuba uYesu akayi kutyhila kuthi oko kufihlwe kuleBhayibhile, enzele thina. Sityebile elubabalweni Lwakhe nakwinceba Yakhe. Andazi nokuba uyakuza asibize. Masijonge ngeBhayibhile size sibone oko sinako kuYe, ngelixa sithobisa iintloko zethu nje ithutyana.

193 Bawo waseZulwini, yenza inceba Yakho . . . Ulapha, Bawo. Kutheni, nje ndisezigqondweni ngako oko. Kutheni, Uthe, “Naphina ababini okanye abathathu behlangene eGameni laM, Ndiyakubalapho phakathi kwabo.” Ngoku, oko, “Amazulu nomhlaba ayakugqitha, kodwa Oko akusokuze.” Sincede, ngobubusuku, ngoku, njengoko sithandazela aba bagulayo abantu, ngale mizuzu imbalwa ilandelayo. Zenze Waziwe, Nkosi. Yesu, yiza ubize abagulayo, (Ungayenza?) okokuba babenokwazi ukuba Wena—Wena ungokhoyo ndawo—zonke uThixo. Ulapha, onguye izolo, namhlanje, naphakade. NgeGama likaYesu, ndiyathandaza. Amen.

194 Zihlobo, nje umzuzu okanye emibini de kuyakube ngenene lixsha lokunqumamisa, kodwa masibize nje umgca omncinci

wokuthandazela. Ningathanda ukuba nawo? Phakamisani isandla senu, ukuba ni—ningathanda ukuhlala eminye elishumi, ishumi elinesihlanu lemizuzu. Kulungile. UThixo anisikelele. Nje—nje. . . Ingaba kulungile kubasindleki phaya, kulungile kuthi ukuba nokuya? Enkosi, kakhulu.

¹⁹⁵ Ngoku, uphi uBilly? Mangaphi amakhadi owakhuphileyo? A, B, C. Besinantoni kuqala, oo-A? Ingaba sibize ngoo A, kubusuku bokuqala apha? [Omnye othile uthi, “Ewe.”—Mhl.] Masibize ukusuka koo-A kwakhona. Masibone, kuphi apho siqale khona, Billy? Uyakhumbula? Isinye, ibingesimo? Ehe. [“Isinye.”] Isinye ukuya malunga. . . Masibize ukusuka ndaweni ithile ingenye. Masibone, kuphi apho siyakubiza khona? Masithi mashumi asixhenxe anesihlanu.

¹⁹⁶ Ngubani onekhadi lokuthandazelwa u-A mashumi asixhenxe anesihlanu? Phakamisa isandla sakho. Ke oko kulungile, kuhle. Silifumene. Yiza kanye ezantsi apha, ngoko, mashumi asixhenxe anesihlanu.

¹⁹⁷ Amashumi asixhenxe anesithandathu, phakamisa isandla sakho. Amashumi asixhenxe anesithandathu, ngokukhawuleza. Kulungile. Ngubani? Akanakuphakama? Okanye, hayi, kusemva kakhulu ngasemva. Ndixoleleni. Amashumi asixhenxe anesithandathu.

¹⁹⁸ Amashumi asixhenxe anesixhenxe, mashumi asixhenxe anesixhenxe, ungaphakamisa isandla sakho. Nabani onekhadi lokuthandazelwa. . . Owu, omnye othile apha. Kulungile. Kanye ngapha, mhlekazi, amashumi asixhenxe anesixhenxe.

¹⁹⁹ Amashumi asixhenxe anesibhozo. Ngokukhawuleza ngoku, phakamisa isandla sakho, amashumi asixhenxe anesibhozo. Amashumi asixhenxe anesibhozo.

²⁰⁰ Amashumi asixhenxe anesithoba, amashumi asibhozo, amashumi asibhozo ananye, -anesibini, -anesithathu, -anesine, anesihlanu. Makuthi oko. . . Yimani nje phaya, kanye ngokukhawuleza. Yiba nje ne. . .

²⁰¹ Ngoku, bangathi abanye benu bahlale nje ngokuzola, ngentlonipho? Sanukushukuma ngoku. Mabathi abo, abathe nje babizwa.

²⁰² Amashumi asixhenxe anesithoba, amashumi asibhozo. Amashumi asibhozo ukuya kumashumi asibhozo anesihlanu. Ikhangeleka ngathi abana. . . Mhlawumbi amanye awo ngamakhadi ebenikezwe isine okanye isihlanu sobusuku obugqithileyo. Angabe mhlawumbi ngoku. . . Amashumi asibhozo anesihlanu ukuya kumashumi alithoba, yizani apha, nyukelani apha ukusuka apho. Koo A ngoku, A, ikhadi lokuthandazelwa u-A, ukusuka kumashumi asixhenxe anesihlanu, amashumi asibhozo, amashumi asibhozo anesihlanu, amashumi alithoba. Abo iyakuba ngabantu abalishumi elinesihlanu. Isinye, isibini, isithathu, isine, isihlanu,

isithandathu, isixhenxe, isibhozo, isithoba, ishumi. . . Nabo ke. Kuhle. Oko kulungile. Kuyakulunga oko, nje umzuzu ngoku.

²⁰³ Ngoku bangaphi, nonke kuni phaya, aba. . . abakholelwa ekubeni—ekubeni banokwenza njengalaa mfazi mncinci wenzayo, ukuchukumisa umqkumbelo wengubo Yakhe? Phakamisa isandla sakho, uthi, “Ndi—ndi—ndi—ndiyakholwa. Ndiyakholwa ngenene ndingachukumisa umqkumbelo wengubo Yakhe.”

²⁰⁴ Ngoku uMfundisi ufikile. Ngoku Uyaku. . . Ukulungele ukubiza wena, ukuba uyakumkholwa nje Yena. Ngoku sukuMthandabuza. Mkholelwe Yena. Yiba nokholo ngoku. Hloniphani ngenene. Kholwani ngentliziyo yenu yonke ngoku okokuba uMfundisi ufikile kwaye uyakubiza.

²⁰⁵ Ngoku, njengoko umgca wokuthandazela usenzeka ezantsi phaya, ndicinga abanye babazalwana bayanceda ukwenza umgca wokuthandazelwa ume kakuhle nge—ngendlela abayiyo kumanani abo. Ngoku wonke ubani unekhadi. I. . . Mangaphi ngaphezulu amakhadi akhoyo apha? Masibone izandla zenu. Wagcineni. Sizakuthandazela wonke ubani kubo. Andikhathali nokuba ngubani, si. . . Ukuba iNkosi indivumele ndaphila, ndizakuthandazela wonke ubani phambi kokuba ndimke ngeCawa.

²⁰⁶ Ngoku khumbulani, kukho isidlo sakusasa sabalungiseleli kusasa. Kwaye ingaba nisibhengezile, siphi? Besibhengeziwe. Kulungile. Ntoleyo, ukuba ninakho, yihlani. Iyakuba. . . ndiyacinga ndifanele ndithethe, ngentseni kusasa phaya? [Othile uthi, “Ewe, isidlo sakusasa.”—Mhl.] Kulungile. Kuhle. Kuhle. Kulungile.

²⁰⁷ Kutheni, uthi, “Zange ndakuva”? Ndibize malunga, ndicinga, ishumi elinesihlanu. Amashumi asixhenxe anesihlanu, amashumi asibhozo, amashumi asibhozo anesihlanu, amashumi asithoba, into enjengaleyo. Oko. . . Oko kuyakuba kokulungileyo. Nje ngohlobo. . . Kulungile. Qalisa ukubathumela phezulu. Ukuba ujongile, ngoku leyo yi. . . Yabona?

²⁰⁸ Ngoku, wonke umntu ahloniphe kakhulu. Ngoku, ngoku phulaphulani. Ndiyazi ukuba nifanele niye emsebenzini kusasa. Umsebenzi wenu ubalulekile. Ndiyakwazi oko. Abantwana benu balinde nina. Abagcini babantwana; uthe uyakuhamba ngecala emva kweyisithoba. Kodwa masilinde nje. Yeyiphi eyona ibalulekileyo, ukwazi ukuba lena yiNyaniso okanye hayi? Yeyiphi eyona ibalulekileyo kunomphefumlo wakho? Ngoku, ukuba le Bhayibhile ikuthembisile oku, uThixo uyakwenza, leyo yeyona nto ibalulekileyo endinokucinga ngayo. Yabona?

Beka isitulo khona ngaphaya, kunye nobuxhakaxhaka obukhalayo, kwaye oko koko obekusenza langxolo.

209 Ngoku jonga. Ngoku, khumbulani, makathi wonke umntu aphumle ngokuqinisekileyo ngoku. Ndiyathemba andinenzanga nathabathekela ekucingeni ukuba ndiluhlobo oluthile lonqulomntu okanye into ethile, okokuba ndiyakuba ngulaa Mntu, iNkosi uYesu. Anikukholelwa oko, aninjalo? Ngokuqinisekileyo aninjalo. Ndisisicaka Sakhe. Ndingumoni othe wasindiswa ngobabalo. Kodwa, koku, iyure ifikile apho athe Wanika isipho.

210 Ndibe novavanyo nje kamsinya, xa igquba loogqirha bamayeza bandithabathele phantsi kokwaziswa, ukundivavanya, ukwenzela uvavanyo lwamaza. Kwaye niyazi oko baphuma bandixelela kona?

211 Bathi, “Andizange ndakubona oko ebomini bam.” Wathi, “Uyazi, wena u. . .” Wathi, “Umntu, okokuba xa izimvo zakho ezintlanu zokuba u. . .umzimba ulawulwa khona.” Wathi, “Ngoku, ngoku, eyakho. . .” Wathi, “Leyo yingqondo yakho yokuqala ephaphamileyo, yokuqala. Uphila kuyo. Kodwa xa izimvo zakho ezintlanu ziba se—sekungasebenzini, ngoko uba sekungaphaphami. Oko kukude lee kuwe. Kufanele ukuba ufile kule mvakalelo okanye nantoni apha, njengoko ubuyela emva uphuma apha ukuya koku kungaphaphami kwaye uyaphupha.” Wathi, “Kukho inxalenye yakho ethi iye ndaweni ithile. Kwaye wena, xa uvuka, ubuyela koku kuphaphama kwakhona, uyothukela emva apha, uyakhumbula oko ukuphuphileyo.”

212 Bangaphi abakhe banephupha? Ngokuqinisekileyo, iminyaka eyagqithayo, nonke kuni. Kuhle, kukho ezinye indawo zakho ndaweni ithile, kuba usayikhumbula engcingeni yakho. Ingaba kunjalo? Ke oko beku kukungaphaphami kwakho.

213 Wathi, “Oko kokuqhelekileyo. Kodwa,” wathi, “Mfu. Branham,” wathi, “amashumi amawaka aphindwe ngamawaka abantu esakhe sabavavanya, asizange sifumane uhlobo olunje ngawe.”

Ndathi, “Ingaba ndiphambene?”

214 Wathi, “Andicingi abantu basuka ngaphaya kulo lonke ihlabathi, ukuza kuthetha nomntu ophambeneyo.”

Kwaye ndathi, “Kulungile, ingaba ndinjalo? Ndiyazi ndiphakuphaku.”

215 Wathi, “Hayi ngaphezulu kunomnye umlungiseleli okanye ugqirha, nabani osebenzisana noluntu.”

Ndathi, “Yintoni engaqhelekanga?”

216 Wathi, “Uyazi intoni? Iingqondo zakho ezimbini zokuphaphama zime kanye ngqo ngokuhlangeneyo.” Wathi, “Ungaphupha iphupha ngelixa amehlo akho evuliwe.” Yabona?

Wayengazi oko wayekuko, kumalunga nantoni. Ndathi, “Ingaba injalo?”

217 Wathi, “Ehe. Akusayi kufanele uye kulala ukuze uphuphe iphupha.”

218 Ndathi, “Gqirha, ingaba wakhe wafunda kwi...malunga nombono? Uyazi yintoni umbono?”

Wathi, “Ingaba leyo yintetho yeBhayibhile, Mnu. Branham?”

Ndathi, “Ewe.”

219 Wathi, “Kuhle, andazi kwanto malunga neBhayibhile.”
Wathi, “Bendingenakwazi oko uthetha malunga nako.”

Ndathi, “Ingaba wakhe wayifunda iBhayibhile?”

Wathi, “Ehe.”

“Funda emva eBhayibhileni malunga nabaprofeti bakudala beNdala?”

“Owu,” wathi, “oko! Intoni? Babebona kwantlandlolo izinto?”

“Ehe.” Ndathi, “Oko kwenzeka kum, mhlekazi.”

220 Wathi, “Oko, ndiyavuya wena...Oko kwayigqiba. Kuhle, yilonto, yabona.” Wathi, “Niyazi intoni? Nifanele—nifanele niye ngaphakathi nisivumele sikuxilongwe oku.” Wathi, “Oku kuyakuba lolukhulu uphando lwenzululwazi.”

Ndathi, “Linda umzuzu, gqirha. Wakhe wanalo iphupha?”

Wathi, “Ewe.”

221 Ndathi, “Ke ndiphuphele iphupha. Ndixelele okuzakwenzeka ngomso. Akunakuyenza ukuba kufanele uyenze. Yabona? Nokuba ngubani okwenze waba nelaa phupha kufanele ayenze.”

222 “Nam andinakubona mbono. Kufanele ibe nguYe ovumela imibono. Andinakuyibona de Yena andixelele. Andazi emandikutsho de Yena andixelele mandikutsho. Kodwa sisipho, uyabona, endazalwa naso. Into yokuqala endakhe ndayikhumbula ebomini bam kukubona umbono. Kwaye nalinye ixesha eyakhe ayabi yiyo.” Yabona? Yeyakho—yakho...Eso sisizathu obona abantu... .

223 Sinokuninzi ukulinganisa. Oko kuchanekile kanye. Kodwa siyakusoloko sinako oko. Ngokuqinisekileyo.

224 Ndifunde ibali likaMartin Luther, kumaLutere enu. Imbali kaMartin Luther yathi, “Kwakungeyonto ingaqhelekanga eyokuba uMartin Luther wayenokuchasa ibandla iKatolika aze asinde ngalonto; kodwa wayenokuphakamisa intloko yakhe ngaphezulu kobaxeko olwalulandela imvuselelo yakhe, kwaye ahlale engcwengile ngeSibhalo.” Yilonto. Ehe.

225 Oko akunanto yakwenza nabo. Unoxanduva phambi koThixo...Kuba, yabona, sisipho nje. Yabona? Uziwisela ngapha, kuze emva koko iNkosi ithethe.

226 Ngoku, apha. Apha, ingaba lona ngumfazi? Ngoku, apha, oku kufanele kuyibonakalise, ngoku, ukuba wonke ubani uyakuhlonipha ngenene, nje imizuzu embalwa. Ingaba ngoqalayo ukuza apha. Ngoku nanku u—umfazi osemntsha, a—andizange ndambona ebomini bam. Ungongaziwayo ndim. Andimazi.

227 Kodwa apha siyahlangana, nje ngoYohane oNgcwele 11 . . . bendiphaya, ngobubusuku, yabona, xa . . . uYohane oNgcwele 4, ndithetha oko, apha uYesu wahlangana nomfazi equleni. Bendithetha malunga naye. Wayenokuba wayemtsha kakhulu kunaYe. Kwaye Yena wamxelela apho yayikho ingxaki yakhe. Kwaye ngalonto, wathi, “Ngoku, Mhlekezazi, Wena, ndiyaqonda ukuba Unguye umprofeti.”

228 Ngoku, yabona, umprofeti ngulowo iLizwi likaThixo eliza kuye. Isiprofeto salamhla, iLizwi ekufuneka lizalisekisiwe kula mhla, liza kula ndoda, kwaye Yona ilela Lizwi liphilayo lalamhla.

229 Wathi, “Ndiyaqonda ukuba Wena ungumprofeti. Ngoku silinde lamprofeti.” Ukuba uyakusa olangqamaniso emva, likusa kanye emva ku—kulamprofeti. Wathi, “Siyazi xa uMesiya efika, oko koko Ayakwenza. Uyakusibikela ezo zinto.”

Wathi, “NdinguYe, lowo uthetha naye.”

230 Kwaye wahamba wathi “Yiza, ubone iNdoda endixelele izinto endizenzileyo. Ingabi lo asingoMesiya?” Kwaye bonke abantu bayikholelwa.

231 Ngoku, Wathembisa oko, “Imisebenzi Ayenzayo, amakholwa ayakuyenza nawo.” Kwaye ngoku, kule mihla yokugqibela, ungqinisile uKuzi Kwakhe okukufutshane ngayo, xa Ezityhile Yena kwindlela enye njengoko Wenzayo eSodom.

232 Ingaba beniphulaphule kwiMiyalezo kule veki? Niyakukholelwa oko ukuba yiNyaniso? [Udade uthi, “Ewe.”—Mhl.] Ngoku, thina ekubeni singazani omnye komnye, injalo lonto, ingaba injalo? [“Ewe.”] Nje ukuze abantu babone, phakamisa isandla sakho, ukuze abantu babone.

233 Andizange ndimbone umfazi, ebomini bam. Andazi ngokungaphezulu malunga naye kunayo nantoni. Yabona? Ungumfazi nje osemntsha, umntsha kakhulu kunam. Sizalwe kwiminyaka emininzi ngokwahlukileyo, iimayile ukwahlukana, kwaye apha siyahlangana, ixesha lokuqala. Apha simi kunye apha, abantu jikelele, izikhanyiso, yonke into engenye. Simi apha ebuKhoneni bukaThixo. Kwaye ndithetha nani, ukuze ndifumanise, kuqala, ukuba laa ntambiso iyakuza phezu kwam. Kwaye ukuba iyenzeka, ngoko ndiyakukwazi ukuyenza. Ngaphandle koKuya, andinakuyenza. Ngoku, kuphela kwento endiyenzayo kukuthandaza nje ndize ndibeke izandla kuni, njengomalusi wenu eyakwenza, okanye nabani eyakuba nguye, ndize ndiqhubeka. Yabona? Sisipho. Ndizifumanela, oko nje

ndikwaziyo, ukuphumla kuSo. Kodwa, ngoko, andinakusenza Sona size. Kufanele Yena eze. Kufanele Sona size, ngoKwaso.

²³⁴ Ngoku nje yibani ngabahloniphayo. Ilapha. Ngoku, eGameni likaYesu Kristu, ndithabathela wonke umoya ngaphakathi apha phantsi kolawulo lwam, ukwenzela uzuko lukaThixo. Ngoku hlalani ngokuzola. Ukuba nantoni iyenzeka, ndiyakuba nakho ukuyilawula, ukuba nje anixhumi kwaye niqalisa ukuqhubeka. Hlala uzole. Ukuxhuzula nezinto ngamanye amaxesha zingena emhlanganweni zize ziyaluzelise iqela labo, ngolwa hlobo. Bangaphi abakubonileyo okuya njengoko kusenzeka emhlanganweni wam? Ngokuqinisekileyo. Yabona? Ngokuqinisekileyo. Kodwa hlalani nje nizole. Ndim onoxanduva lokuya. Kodwa ukuba unenkani, asiloxanduva lwam, kuba eso sisohlwayo.

²³⁵ Ngoku, andinazo ezinye izimvo yintoni alapha ngazo la mfazi. Ngoku, uyazi ngoko ngoku, ngeli xesha, okokuba into ethile iyaqhubeka. Yabona? Kuba, kanye phakathi kwakhe nam, uyaqalisa nje ukunyamalala. KokwaKukhanya kuyangena.

²³⁶ Ngoku, umfazi ngenene, eyona nto yakhe alapha ngayo, umele umntu othile. Unomntu a—athandazela yena. Kwaye lowo ngu—ngu—ngu—ngumntu ombi kakhulu, kubuphakuphaku bokwahluleka. Ngudade wabo. Injalo lonto. Injalo lonto, phakamisa izandla zakho. Unobuphakuphaku bokoyisakala. Ngoku jonga.

²³⁷ Ke abantu bathi, “Ndiyacinga ukuqikelele nje okuya.” Hayi, hayi. Yabona? Zange kuqikelelwe.

²³⁸ Ngoku qaphela. Ungumntu olunge kakhulu, umoya olungileyo. Ngoku nje ithutyana. Ngoku jonga kum. Kwaye koko uPetros noYohane bakutshoyo, esangweni, “Ngoku jonga kum.” Yabona? Kubonakala kukho nto yimbi engenye entliziyweni yakho. Ewe. Uhluphekile, wena buqu, ngohlobo lesiyezi, njengoko usifumana. Unayo lonto. Injalo lonto.

²³⁹ Unokuthile entliziyweni yakho, ofuna ukwazi ngako, kwaye oko kumalunga nalamzalwana. Usesibhendlela apha. [Udade uthi, “Ewe.”—Mhl.] Ufuna mna ndikuxelele kwenzeke njani ukuba abe phaya? Wayekwingozi yemoto. Injalo lonto. Huh! Ingaba uyakholwa ukufumene oko ukucileleyo? Ngoko hamba ngendlela yakho. Igqithile, ngoko. Yabona?

“Ukuba ningakholwa, zonke izinto zinokwenzeka.”

²⁴⁰ Unjani, nenekazi? Ngoku, ingaba uyakholwa ukuba uYesu Kristu nguNyana kaThixo, okwanguye izolo, namhlanje, naphakade? [Udade uthi, “Ndenza njalo.”—Mhl.] Ukuba Uyakutyhila kum yintoni ingxaki yakho, uyakukholwa okokuba Angakwenza oko? [“Ngokuqinisekileyo ndiyakwenza.”] Kulungile. Ngoku wanga Angakunikeza oko.

241 Into inye ohlupheka yiyo, ewe, uh-huh, kuqala, ubenotyando. Kwaye ube nebele elisusiweyo, lasikwa. Ngoko, uvise buhlungu ibele lakho, elinye ibele lakho, kwaye nako oko kuyingxaki yakho. Akungowalapha. [Udade uthi, “Hayi.”—Mhl.] Usuka kufutshane nomlambo wothile. . . Usuka eLouisville, Kentucky. [“Kwaye kufutshane kuwe.”] Kwaye igama lakho nguNksk. Lumpkins. UThixo akusikelele. Oko, oko kulungile. Ubusemnqubeni. Andikuqondanga. Kodwa kuchanekile oko. Hamba indlela yakho, ukholwa ngoku. UThixo akusikelele. Oko kulungile. Kulungile.

242 Yiza ngoku. Ingaba uyakholwa ngentliziyo yakho yonke, mhlekazi? Uyandikholelwa ukuba ndisisicaka Sakhe? [Umzalwana uthi, “Ndiyakholwa.”—Mhl.] Uyakholwa okokuba—okokuba wena, xa usiza, uza nje ngoko uSimon Petros wenzayo ngelaa xesha? Yabona? Akuzi kum. Uza kuYe. Kwaye nje ndingumeli Wakhe. Yabona? Yena. . . mna. . . Singa—nga—ngamasebe; UnguMdiliya. Ngoku, ukuba iNkosi uYesu. . . Thina ekubeni singabangazaniyo ngokupheleleyo omnye komnye, ndiyacinga sinjalo. Kwaye ukuba—kwaye ukuba singabangazaniyo ngokupheleleyo, kwaye iNkosi uYesu ingatyhila kum into ethile ngolwa hlobo Wenza ngalo kuSimon Petros, abanye bonke abaseleyo, xa bezayo, ingaba iyakwenza ukholwe, ngentliziyo yakho yonke? Ingaba uyakuyikholelwa? [“Ewe.”] Ngoku, kulungile, mhlekazi. Ngoku khangela kum okomzuzu.

243 Ngoku, ingxaki yakho, ndiyakubona. Iyinto malunga nesisu. Ise. . . Lithumba esiswini. [Umzalwana uthi, “Injalo.”—Mhl.] Injalo, ithumba esiswini sakho. Uthi, kakade, ungumlungiseleli, nawe. [“Ewe.”] Ewe, mhlekazi. Uyamkholelwa uThixo angandixelela ungubani? Uyamkholelwa uThixo uyakwazi? [“Ndinjalo, ngentliziyo yam yonke.”] Yonke, ngentliziyo yakho yonke. Kulungile. Mfu. Brown, qhubeka, phila, uYesu Kristu. . .

244 Kholwa ngoku. Uyakholwa uThixo angakuphilisa intlungu zamathambo kwaye akwenze uphile? Hamba, uyikholwa ngoko. Uthi, “Enkosi, Nkosi Yesu.”

245 Yiza, nenekazi. Ugula ngengxaki yobuphakuphaku. Uyakholwa okokuba uThixo angakwenza uphile koko? [Udade uthi, “Amen.”—Mhl.] Kulungile. Hamba nje, usithi, “Mayibongwe iNkosi!” Bona, ivili elincinci lijika ezantsi *apha*. Beliqhele ukujika phezulu *apha*. Ubuqhele ukuba ngumntu mncinci ovuyayo xa wawusemtsha, uzele luvuyo nolonwabo. Kwaye konke ngaxeshanye, into ethile yenzeka. Ngoku nyukela nje phaya, uze ukukholelwe okuya kwakhona. Qalisa nje, vuya, yonwaba, uYesu Kristu uyakukusa kuyo. UThixo akusikelele. Hamba, yikholwe ngoku, ngentliziyo yakho yonke. Kulungile.

246 Uyakholwa? Ukhubazekile, nawe. Uyakholelwa ukuba uThixo angayiphilisa akwenze uphile? [Udade uthi, “Ewe.”—

Mhl.] Kulungile. Hamba nje, uthi, “Enkosi Wena, Nkosi Yesu,” kunye nangentliziyo yakho yonke.

247 Uyamkholelwa uThixo angasiphilisa esa sifuba akwenze uphile, nyana? Hamba indlela yakho, wonwabile, ube ngophilileyo kwaye uvuya. Ngokunjalo, ukutyhafa, umhlaza wobudoda, nentlungu zamathambo. Uyakholwa ukuba uThixo angakwenza uphile, akuphilise? [Umzalwana uthi, “Ewe.”—Mhl.] Ukuba uyayikhola ngentliziyo yakho yonke, qhubeka ngendlela yakho, uvuya, usithi, “Enkosi Wena, Nkosi.”

248 Nje umzuzu ngoku. Nje umzuzu omnye. Into ethile yenzekile. Umntu owahlukileyo kulo. Kholwani nje ngoku, ngentliziyo yenu yonke.

249 Leli nenekazi lihleli kanye *apha*, ligula ngengxaki yomqolo. Uyakholwa ukuba uYesu Kristu ukwenza uphile, ngentliziyo yakho yonke? Kulungile. Unganako oko ukucelayo, ngoko. Yabona? INkosi uYesu ikuphilise ikwenze uphile.

250 “Ukuba ungayikhola, zonke izinto zinokwenzeka kwabo bakholwayo.” Niyakukholelwa oko ngentliziyo yenu yonke? [IBandla lithi, “Amen.”—Mhl.] Ucinga ntoni malunga nayo, uhleli phaya, uhlupheka kunye nela qhubu? Uyakholwa ukuba uThixo uyakuphilisa kwela qhubu akwenze uphile? Ewe. Uyakholwa Uyakuyenza? Kulungile. Ungakufumana oko ukucelayo. INkosi ikusikelele.

251 Yabona, Uphaya ngaphandle nje ngendlela enye Alpha ngayo. Oko kufanele kusidlakaze sibe ziintsali, akufanele kube njalo? Ucinga uThixo uyakuphilisa laswekile aze akwenze uphile, kwaye ugoduke, imeko yegazi iyakuba... Yiya eKhalvari, ukwenzela ukuthiwa igazi, iyakuphela yonke. Hamba, yikhola ngentliziyo yakho yonke. Sukuthandabuza. Kholwa nje, ngentliziyo yakho yonke, okokuba uThixo uyakukwenza uphile.

252 Yiza apha. Unesona siyingozi isifo esikhoyo ehlabathini. Leyo yingxaki yentliziyo. Kodwa uYesu uhhlala entliziyyeni. Uyakholwa Uyakuphilisa kulaa ntliziyo? Kulungile. Hamba ngendlela yakho, usithi, “Enkosi Wena, Nkosi Yesu,” kwaye wenziwe uphile.

253 Hamba, yitya isidlo sakho sangokuhlwa. UYesu Kristu ukuphilisile kulengxaki yesisu, ukwenza uphile. Kulungile.

254 Uyakholwa? Uyakholwa, ukuba anditshongo lizwi, nje ndibeke izandla kuwe, uyakuphila, nakanjani? INkosi ikusikelele. Kholwa nje ngentliziyo yakho yonke.

255 Uyakholwa, ukuba ndibeke izandla kuwe, uyakuphila, nawe? Yiza. EGameni likaYesu Kristu, wanga angaphiliswa.

256 Yiza. Ngoku, uyazi ndiyazi yintoni engalunganga nawe. Kodwa, phaya, ukuba andikuxeleli, uyakholwa akusayi kufuneka ukuba ela thumba likhutshwe, kwaye iyakulunga nje

ukusukela ngoku? [Udade uthi, “Andizukubanayo ikhutshwe kum.”—Mhl.] Kulungile. Kulungile. Qhubekela phambili ngoko, kholwa uThixo, uyakuphila ulunge. [“Ucinga ukuba into ethile ayilunganga nam?”] Ukuba—ukuba nje uyakholwa koko, Uyakuyisusa. Akusayi nkqu ukubanayo, ukuba nje uyakholwa ngentliziyo yakho yonke. [“Andisokuze ndenze isuswe.”] Mayibongwe iNkosi.

²⁵⁷ Ngoku uyakholwa uThixo uyawuphilisa umhlaza, kwaye abenze abantu, abanomhlaza, baphile? [Umzalwana uthi, “Ewe, mhlekazi.”—Mhl.] Kulungile, mhlekazi. Qhubeka ngendlela yakho, uthi, “Enkosi kuWe, Nkosi, ndizakuphila.” Kwaye uyakuphila.

Ngoku uYesu uzile kwaye wakubiza. Uyakukholwa oko?

²⁵⁸ Uyayikholwa, uhleli phaya, nenekazi, oluhlobo olukhulu, onalangxaki yamathatha? Uyakholwa uThixo uyakukwenza uphile? Kulungile. Yabona? Ujonge nje phaya, ujongile nje kanye ngqo, kwaye ukholwa. Kwaye oko . . .

²⁵⁹ Inenekazi lihleli phaya, linikina intloko yalo, kanye ecaleni kwakho. Akayazanga amakakucinge ngayo. Ukuba uyakukholwa, intlungu zakho zamathambo ziyakumka, nazo. Kulungile.

Uyakholwa ngentliziyo yakho yonke?

²⁶⁰ Le ndoda indala ihleli khona ngaphaya apha, isuka e-Okeechobee, ngaphaya kulaa ndlela, uyakholwa ukuba uYesu Kristu uyakuwaphilisa amehlo akho aya esiba yimfama? Ungabanakho oko ukucelayo, ukuba uyakukucela.

²⁶¹ UMFundisi ufikile kwaye uyanibiza. NiyaMkholwa? [IBandla lithi, “Amen.”—Mhl.] Ngoko nje yimani ngeenyawo zenu nimamkele Yena, nithi, “Ndiyakukholelwa Wena, Nkosi Yesu, kanye ngoku. Ndiphakamisa izandla zam, kwaye ndiyakholelwa ukuba ngoku Uyandiphilisa.”

Nkosi Yesu, esi sihlwele seSakho. Sisemva kwexesha, Nkosi.

Kodwa ungandedluli, Owu Msindisi
olungileyo,
Yiva ukukhala kwam ngokuzithoba;
Xa Ubabiza abanye,
Ungandedluli.

Wena Msinga wayo yonke intuthuzelo yam,
Ungaphezu kobomi kum;
Ngubani endinaye emhlabeni ngaphandle
Kwakho?

Okanye ngubani eZulwini kuphela nguWe?

Imfama uFanny Crosby wenza loo ntetho.

²⁶² Nkosi Yesu, ungagqithi namnye kubo, kodwa baphe bonke ngamnye kubo impiliso yabo, ngobubusuku. Ndibanikela kuWe, eGameni likaYesu Kristu.

263 Phakamisani izandla zenu ngoku nicule imibongo. Ndiyakubathandazela. Kulungile. Wonke umntu, niyaMkholwa?

264 Ngoku, Mnu. ndoda-yehadi, *NdiyakuMdumisa. NdiyakuMdumisa.* Siphe inowuthi. Kulungile.

Wonke umntu, ngezandla zenu ziphakanyiisiwe ngoku.

NdiyakuMdumisa, ndiyakuMdumisa,
Mayidunyiswe iMvana eyaxhelelwa aboni;
Mnikeni Yena uzuko, nonke nina bantu,
Kuba igazi Lakhe lihlambe lasusa ngalinye
ibala.

265 Ngoku xhawula izandla nomnye ecaleni kwakho, uthi, “UThixo akusikelele, sihlobo. Ndi—ndiyavuya ukwazi ukuba wamkele uYesu njengomphilisi wakho.” Ngoku, oko kuhle. Kulungile. Xhawula izandla uthi, “Bulela iNkosi.”

266 Ngoku masiphakamisele izandla zethu kuYe, size sicule kwakhona ngentliziyo zethu zonke; iintloko zethu zithotywiwe, amehlo ethu evaliwe, ngentliziyo zethu zonke ngoku.

NdiyakuMdumisa, ndiyakuMdumisa,
Mayidunyiswe iMvana eyaxhelelwa aboni;
Mnikeni Yena uzuko, nonke nina bantu,
Kuba igazi Lakhe lihlambe lasusa ngalinye . . .

267 Ingaba uqondakalisiwe ngokwaneleyo phakathi kwenu okokuba ningamamkela Yena? Niyakholwa Ulapha? Niyakholwa ukuba lowo nguYe? Zihlobo, ukuba bendingehlela phaya kwesa sihlwele ndize ndiphilise nabani wenu bantu, ndiqinisekile bendiyakuyenza. Bendingavuya ukukwenza oko. Ngentliziyo yam yonke, bendiyakuyenza. Kodwa a—andinakukwenza oko. A—andinayo nenye—nenye indlela yokuyenza. Kodwa kuphela kwento endinayo, sesi sipho sincinci endithe ndanibonisa sona, kwaye oko kuqondakalisa isithembiso seSibhalo sokuba uYesu Kristu ulapha kanye kunye nathi, egcina isithembiso Sakhe. Owu, oko kufanele kuvuthise iintliziyo zethu. Bethu, cinga nje ngoYesu, ela Gama limangalisayo!

268 Xa, xa elaGama laqala ukuthethwa, xa uMariya wenyukela kwaYuda. Kwaye u-Elizabeth ekhawule, noYohane omncinci eneenyanga ezintandathu ubudala, esibelekweni sikanina, kwaye engekashukumi. Ngoku, wonke ubani uyazi, malunga neenyanga ezintathu, okanye ezine, kubuncinci, usana luyashukuma. Kwaye u-Elizabeth wayengaqhelekanga, yena . . . Lwalungashukumanga. Wayezifihlile. Kwaye xa wabona uMariya esiza, ubuso bakhe obuncinci bakhanya, nozuko lukaThixo. Waza wathi, “Uyazi . . .” Waza wabona wayezakuba ngumama, waza wathi, “Ndiyaqonda wena noYosefu nitshatile?”

“Hayi. Asitshatanga.”

“Kulungile, uh, kwaye uzakuba nomntwana?”

²⁶⁹ “Ewe. UMoya oyiNgwele undigubungele, kwaye Úthe laNto iyakuzalwa kum iyakubizwa ‘uNyana kaThixo.’ Kwaye ndiyakumbiza iGama Lakhe ‘Yesu.’”

²⁷⁰ Kwaye nje kwamsinya ethe, “Yesu,” ityeli lokuqala ekwathi iGama likaYesu Kristu lakhankanywa ngemilebe yomntu, oluncinci olufileyo usana kwisibeleko sikanina lwamkela uMoya oyiNgwele lwaza lwaqalisa ukuxhuma ngovuyo, esibelekweni sikanina.

²⁷¹ Kufanele iGama likaYesu lenza ntoni kwelizelwe ngokutsha iBandla? Andiyifumani. Uzuko kuThixo! UnguYesu Kristu, uNyana kaThixo, umniki-Bomi. Amen. MasiMnike udumo. Phakamisani nje izandla zenu. Kwaye ndiyakuMdumisa. Haleluya!



WAZA UYESU WAFIKA WABIZA XHO64-0417
(Then Jesus Came And Called)

Lo Myalezo kaMzalwana uWilliam Marrion Branham washunyayelwa ngeSingesi ngokuhlwa ngoLwesihlanu, ngoEpreli we-17, ngowe-1964, e-McKay Auditorium eTampa, Florida, U.S.A., wathatyathwa kwisishicileli-mazwi waze wabhalwa ngesiNgesi ungafinyezwanga. Le nguqulelo yesiXhosa ibhalwe yaze yapapashwa yiVoice Of God Recordings.

XHOSA

©2020 VGR, ALL RIGHTS RESERVED

VOICE OF GOD RECORDINGS, SOUTH AFRICA OFFICE
58 DISA ROAD, ADMIRAL'S PARK, GORDON'S BAY 7140 WESTERN CAPE
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

VOICE OF GOD RECORDINGS
P.O. BOX 950, JEFFERSONVILLE, INDIANA 47131 U.S.A.
www.branham.org

Ilungelo lombhali elilelakhe lokushicilela

Onke amalungelo agciniwe. Le ncwadi ingaprintwa kwiprinta yasendlini ukwenzela ukuba isentyenziswe okanye kunikezwe ngayo, ngaphandle kwentlawulo, njengesixhobo sokukhawulezisa iVangelli kaYesu Kristu. Le ncwadi ayinakuthengiswa, yenziwe kwakhona ngesixa esikhulu, ifakwe kwi website, igcinwe kwindawo apho inokukhutshwa khona, itolikelwe kwezinye iilwimi, okanye isetyenziselwe ukurhwebesha imali ngaphandle kwemvume echaziweyo ngombalo ephuma eVoice Of God Recordings®.

Ngeechukacha ezithe vetshe okanye malunga nezinye izinto eziphathekayo, nceda qhagamshela:

VOICE OF GOD RECORDINGS
P.O. Box 950, JEFFERSONVILLE, INDIANA 47131 U.S.A.
www.branham.org